

# *UKUMKANI OWALIWEYO*

 ...ukuze uzuko lweNkosi lubenokuziswa phezu kwethu namhlanje ngolungiselelo lweLizwi. Kwaye iyi...

<sup>2</sup> Le veki iphelileyo, ngahlobo luthile bendiphantsi kwemozulu kancinci. Hayi ngokuchanekileyo ukuthi phantsi kwemozulu; ibiluvavanyo ebekufanele ndiluthabathe, iimvamvanyo zasenyameni. Kwaye oko koko ukuvileyo, okokuba bendisesibhedlela. Kungokuba bendiye phaya ukuze kungayi kufuneka ndibuyelete emva naphambili ukunqumla umlambo. Uthabatha uvavanyo lwe ex-ray lwethumbu elingasentla novavanyo lwe ex-ray lwethumbu elingasezantsi. Kwaye kunyanzelekile bayenze, qho kwimizuzu embalwa, kufanele babuye baze benze ix-ray kwakhona. Kodwa kufanele sizithabathe, ukuba senza ubumishinari baphesheya kweelwandle, qho kwiinyanga ezintandathu. UMzalwana uRoberts kunye nabo, ndiyacinga, bafumana ezabo qho kwiinyanga ezintandathu. Kodwa andikhange ndibenayo kwiminyaka emine.

<sup>3</sup> Ingxaki, nje andiyithandi la caster oil, leyo kuphela kwento. Kwaye bathi akukho nto ingenye abanokuyinikeza, endaweni yayo, ke mna, owu, ndigula kakhulu xa bendinika lanto. Niyazi, ndinixelete, kwibali lobomi bam, indlela lanto endenza ndigule kangako. Kwaye—kwaye ndikuthileyo nje ukuthabatha into. Kwaye nditshilo kugqirha ongumhlobo wam olunge kakhulu, ukuba... “Ingaba akukho nto ingenye?”

Kwaye wathi, “Andicingi njalo, Mzalwana uBranham.”

<sup>4</sup> Owu, xa ela nenekazi lingena phaya, likhangeleka njalo, mhlawumbi ndiyabaxa, kodwa, ikhangeleka ingangelitha. Ya—yayi... Andizange ndiyibone engako. Kwaye ndibambe nje impumlo yam ndikhonyuluka. Kodwa ekugqibeleni ndakwazi ukuyithoba.

<sup>5</sup> Kodwa ngoku, kulo lonke uvavanyo, nako konke kugqithile, ndifuna ukubulela iNkosi ngoxilongo olugqibeleyo. Ndiphumelele, ikhulu elinye lepesenti; ndingaya naphina ehlabathini endifuna ukuya khona. Ndibabuzile oogqirha, bona abo ibisisithathu sabona bangoochwephesha, ukuba, ndi—ndiyaqikelela, eLouisville. Kwaye ndibabuzile, ndathi, “Ingaba ndilishumi lepesenti ukukhubazeka?”

<sup>6</sup> Wathi, “Akuyiyo nentwana encinci ukukhubazeka.” Wathi—wathi, “Ukwimpilo egqibeleyo, yonke indlela.” Kwaye ndinombulelelo kakhulu kuThixo. Ngubani omnye enokusuka kuye kuphela uBawo wethu waseZulwini, yabona, yokuba ngala ndlela?

<sup>7</sup> Kwaye wathi, “Eyakho... Yonke imijelo yakho iyabonisa, ngaphakathi phaya, wena usemtsha.” Wathi, “Iiseli zegazi lakho azikaqalise nokuqalisa ukwaphuka, okanye nantoni na.” Wathi, “Ukwimeko elungileyo kakhulu, Mzalwana uBranham.”

Ndaza ndathi, “Kulungile, ndivuya kakhulu.”

<sup>8</sup> Kwaye ndibe nenyhweba yokuthetha, yokungqina kuye wonke umongikazi kwesa sibhedlela, nakuye wonke ugqirha, kubukumkani bukaThixo. Kwaye omnye ugqirha othile, ndiyacinga kufanele abe ulapha ngale ntsasa. Kwaye ndi—ndiya... ndiyavuya ukwazi ukuba kusekho amadoda alungileyo kwelihlabathi, amadoda enene, amadoda ayakundithabatha iintsuku ezintlanu, andifake kuavanyo lomzimba, ntleyo enokuxabisa amabini okanye amathathu amakhulu eedola ngalo ngalunye. Xa ndaggibayo, bathi, “Ngumnikelo wethu kumsebenzi weNkosi, owenzayo.” Yabona? Ehe. Hayi kwa... Bathi, “Kutheni, usihlaza, ukusibuza kwa ukusibuza ukuba uyasityala.” Bathi, “Nje imithandazo yakho ngathi!”

<sup>9</sup> “Kwaye ngaphakathi,” bathi, “sifumana into yemvakalelo esingenako ukuyiqonda.” Ndaza ndathi... “Thina... A—ayikhangeleki yi...” Wathi, “Ngaphandle, akunakuphakuzela okanye ukuphazamiseka. Kodwa,” wathi, “ngaphakathi, kukho imvakalelo esingenako ukuyiqonda.”

<sup>10</sup> Ndathi, “Ukuba nje niyakuhlala phantsi apha ithutyana, ndiyakunixeleta.” Ndaza ndaqhubekaka ukuthetha malunga nemibono. Yayilelinye ithafa kubo. Babengazi kwa nto ngalo. Ndabaxelela malunga neBhayibile. Emva koko ndabaxelela ngombono eyayisandula nje ukundinika wona iNkosi ngenye imini, kwaye bantywizisa njengeentsana. Nje ukuhlala phaya kunye nokuntywizisa. Kwaye nda... bona... Ndathi, “Ndiyathemba ukuba anindithathi njengowenkolo osisiphambusi okanye enye.”

<sup>11</sup> Wathi, “Hayi tu, Mzalwana uBranham. Ndiyakukholelwako ngentliziyo yam yonke.” Wathi, “Kodwa nje into enye endifuna ukuyitsho: Akuyi sikolweni ukufunda ezo zinto.” Wathi, “Ndiyakholwa zisuka kuThixo uSomandla.” Kwaye yayingabathathu bababalaseleyo oogqirha eLouisville, abangcono abanabo. Kwaye, ke, ndandivuya kakhulu ngako okuya, kwaye nokwazi ukuba mhlawumbi iNkosi indenze ndityale iMbewu ethile khona phaya.

<sup>12</sup> Umongikazi ngamnye, ndathetha nabo. Bona, ngenye intsasa, ekuphumeni kwigumbi le x-ray, ndathi ku... Ndajonga kulosizana umfazi omdala. Wayegula kakhulu. Kwaye ndaqhubekaka ndisehla, ndisehla de ndafika kuye. Ndacinga makube wayesifa. Ndaza ndathi, “Ndifuna ukukubuza umbuzo, dade.”

Wathi, “Ewe, mhlekazi.”

Ndathi, “Ingaba ungumKristu?”

Kwaye wathi, “Ndingowebandla *elithile*.”

<sup>13</sup> Ndaza ndathi, “Ndifuna nje ukwenza oku kube nokucaca kancinci.” Ndathi, “ndi—ndifuna ukwazi ungumKristu, ngenene umKristu. Okokuba, ukuba unokuwelela ngaphaya kolu lwandle lobomi, uye kwelinye iLizwe, ingaba uyamthanda Yena?” Ndathi, “Ingaba uyangusindiswa ngenene?”

Waze wathi, “Ewe, mhlekazi. Ndiyakusindiswa.”

<sup>14</sup> Ndaza ndathi, “UThixo asikelele intliziyo yakho ngoko. Akukhathaliseki yeyphe indlela umoya obhudlela kuyo, ulunge konke ngoko, oko nje ihamba ngolwahlobo.”

<sup>15</sup> Kwaye ukuba nje siyafika, kukho abaninzi abantu abalungileyo abashiyeleyo ehlabathini.

<sup>16</sup> Ngoku, namhlanje, ndiye ndangena nombono endiyakuthi ndinixeleta wona kamva kungekudala. Kwaye ndingathanda ukuthetha, okokuqala, kwelinye leliLizwi, kuba ndiyakhola ukuba iLizwi liyimfuneko kakhulu, okona kuyimfuneko ngoku. Kwaye ndiyavuya ukubona uCharlie Cox, kunye nomzalwana, umhlobo wam bemile phaya, kunye. Mzalwana, andinakho ukucinga... Jeffries, andinakho ukucinga igama lakhe. Abaninzi benu abanye abalungileyo abazalwana abasuka eGeorgia, abasuka kwiindawo ezahlukileyo zelizwe. Umhlobo wam omdala, uBill, ehleli apha, ndiyakhola nguye, ngale ntsasa. Kwaye—kwaye abaninzi... Kunye nomzalwana osuka eGeorgia phaya, abantu abandonike lesuti. Niyazi, yona ye—yona yenze yezona zingcono iisuti endakhe ndazinxiba. Ukuziva ngokuvakalela nje kamnandi, ngenene kakuhle kakhulu. Kwaye nithetha lukhulu kum. Xa ndinixeleta okwenzekileyo, kwezintsku zigqithileyo zimbalwa, kum, niyakubona kutheni ndicinga kuthetha lukhulu kum.

<sup>17</sup> Ngoku, ndiyakhola, ukuba iNkosi iyathanda, ndifuna ukucinizeleta udabi nzima kunokuba bekunjalo ngaphambili, ebomini bam. Kuba, ndifumanisile ngoku iyi... Kakade, ndingafa namhlanje. Oko kukuthi, akuyazi. Uhlolo ngomashini lwentliziyo yam kunye nayo yonke into, ishumi elinesithandathu iindidi ezahlukeneyo zee x-rays, ehe, ukubasempilwemi ngokupheleleyo, kubonisa ukuba ndandi kwi... osempilwemi eqheleleyo njengaye nawuphi umntu anokuba njalo, umntu emhlabeni. Ke ndinombulelo ngako oko. Kodwa, zonke izinto, nkqu nako konke okuya, kwaye njengoko ndinombulelo nokoneliseka kuThixo, oko endikuko, okokuba ndiyakhola Yena usandigcine enkonzweni Yakhe, ibengekuko oko athe Yena wandibonisa nje kancikane phambi kokuya, yabona, nje kwandenza ndavuya kakhulu.

<sup>18</sup> Ngoku, ndiyacinga, ngobu busuku... Kulungile konke kuni? [UMzalwana uNeville uthi, “Ewe, mhlekazi.”—Mhl.]

Owethu—owethu olungileyo umzalwana yi—yileyo ndoda engacingeli isiqu sayo, ngu—nguMzalwana uNeville. Kwaye ukuba nabani kuni ebelapha kwiCawa edlulileyo waze weva lowa umangalisayo umyalezo athe wawuzisa, kwi “igutyana le oli,” ubungophandle... Omnye weyona igqwesileyo umyalezo endakhe ndawuva, ngulowo uMzalwana uNeville awuzisileyo, ngoMoya oyiNgewe, kwiCawa edlulileyo, kulo mncinane umhlambi wezimvu athe uThixo wawuhlanganisa kunye.

<sup>19</sup> Kwaye ukuba iyakube iyelungileyo, ikholisika eNkosini, kunye nakuMzalwana uNeville kunye nakulo ibandla, ndifuna ukuthetha kwakhona ngobu busuku ndize ndiqalise uthotho lwe, yithi, ngoMvulo ebusuku... ndithetha, ngeCawa ebusuku, nangoLwesithathu ebusuku, nangeCawa elandelayo, uthotho oko koko ndikufundisisayo.

<sup>20</sup> Bendingayi kufuneka ndihlale ngaphaya phaya esibhedlela. Kodwa bebelunge kakhulu kum, bandinika igumbi ngamalunga nesahlulo sesithathu sexabiso. Ndaza ke nje ndathabatha iiBhayibhile zam, iincwadi zam, kwaye ndajija yaphakama amantla ibhedi, ndaza ndachopha phezulu phaya, ndafumana zonke iiBhayibhile zam kunye nezinto zileli phaya. Kwaye ndaye ndaba nexesha ngenene, bade bazisa laa khasta oyile phakathi phaya. Ixesha lam elimnandi laphela kanye phaya. Nda—ndandiphefile ngoko. Kodwa, Mzalwana uPat, ndandigula ngenene. Lanto, andinakumelana nayo. Kwaye, kodwa, ndandinexesha elimnandi, phezulu kwezokuqala ezintathu okanye ezine iintsuku. Ndandinexesha elimnandi.

<sup>21</sup> Kwaye ndandifundisia kwiNcwadi yabase-Efese. Owu, okwa kuhlala ngokuhlangeneyo kweBandla! Kwaye ndiyacinga yinto entle.

<sup>22</sup> Kwaye—kwaye ukuba nina, ngoku, ukuba unalo ibandla oya kulo, qhubeketeka kwaye ume endaweni yakho yomsebenzi. Kodwa ukuba akunalo ibandla, kwaye unokuthanda ukubuya ngobu busuku, nangobusuku bangoLwesithathu, nobusuku bangeCawa, Ndingathanda ukuthabatha, ngobu busuku, iNcwadi yokuqala yama-Efese, kuze ngobusuku bangoLwesithathu, isahluko sesi-2 sama-Efese, kwaye kwiCawa elandelayo, isahluko sesi-3 sama-Efese, ukubeka iBandla kulungelelwano. Uyayazi into endithetha ngayo, Ku—Kubekwa, ngokusendaweni. Kwaye ndiyacinga kukunyukela kokwakhiwa, kwiBandla.

<sup>23</sup> Andi... Ndi—ndithetha nje oku kwabeza kuMnquba kaBranham.

<sup>24</sup> Kwaye ukuba nabaphi benu bazalwana abathandekayo... Ndiyazi abanye benu, ndiyacinga, banemihlangano. Owethu omncinci umzalwana uphezulu eSellersburg, kunye—kunye nabohlukileyo, banemihlangano. Ngoku, jonga, yona leyo yimihlangano yemvuselelo. Yiyani kuyo. Bazizicaka zikaKristu,

amadoda asematsha amileyo ethubeni, athe aphuma. Xa kwa nelabo ibandla laphika iNyaniso, kunye nezinto ezifana nokuya, baphuma bemka kulo. Waze uThixo wababizela kulungiselelo. Ewe, mhlekazi. Ndi—ndiyayihlonipha indoda... Andinakho nokucinga igama lendoda. Kodwa ngumfo osemtsha, olungileyo, omhle ukujongeka umfo, kunye nothandekayo umfazi nabantwana.

<sup>25</sup> Kwaye—kwaye uMzalwana uJunie Jackson ebenethile imihlangano ezantsi apha, osesinye esimangalisayo, esigqwesileyo isithsaba sobabalo lukaThixo. Kwaye xa beneemvuselelo emabandleni enu, iyiani kanye kuzo, ngokuba zezenu...leyo yinto yokwenziwa. Kuba, aniyazi, isenokuba ngumoni ozayo esiguqweni, kwaye unokuphenjelelwa ekubeni ukhokelela lamntu kuKristu, ntolleo eyakuba ngumvuzo wakho omkhulu ngaphaya kwelinye icala.

<sup>26</sup> Oku nje kukufindisa kunye nokubeka iBandla kulungelelwano, apha emnqubeni, ukunceda njengoko siqhubeke.

<sup>27</sup> Ngoku, andizanga nayo iwotshi yam, ke umntu othile kuyakufuneka andijongele. UDoc selendibonisile, unayo. Ke, mzalwana wam...Ke ngoku...[UMzalwana u-Edgar “Doc” uBranham utsho, “Andiyi kukuhlawulisa kangako ngayo,” aze anikeze ngewotshi yakhe kuMzalwana uBranham—Mhl.] Akuiy kundihlawulisa kangako ngayo? Kulungile. Kuhle, ngoku, konke oko kulungile. Kuhle, ngoku, andikholelwa ukuba into ilungile, indawo yokuqala. Ke...[“Enkosi. Ndizakuxela enye ngawe.”] Ngoku, owu, owu, sh-sh-sh-sh. [“Ndigcine iipeni ezilishumi, kusuku lwam lokuzalwa, ngale ntsasa, nje ukukwenza uhive ngcono.”] Ingaba uye wenza njalo? Ngoku oku ku...Olu siba lwewotshi luhambele nje phezulu ngcono kakhulu ngoko, Doc. Uthi ugcine iipeni ezilishumi, kusuku lokuzalwa kwakhe, ukundenza ndizive ngcono, kuba kukho ezimbini okanye ezintathu phakathi kwakhe nam. Ke ningabona apho ndikhoyo, ezantsi endleleni. Kodwa, owu, oko akukhathaliseki nantwana, kum. Ngoku, andiyi kuthetha thuba lide.

<sup>28</sup> Ngoku, ukuba kukho ongaziwayo emasangweni ethu, ngokuqinisekileyo sifuna ukukukwamkela ngeentliziyo zethu zonke. Wamkeleke kakhulu apha kulo umncinci umnquba. Asinako okungako kthesakhiwo. Ikwinkqubo ngoku yokusakhela, hayi indawo enkulu, kodwa nje e...Lena nje iyadilika. Kwaye sizakuzama ukuzakhela elihle elincinci elihhalisa kamnandi ibandla apha, kwamsinya nje si...iNkosi iyakusivumela ukuba siyenze. Kwaye abaninzi benu nonke benza iinzame ngokubhekiselele koku, kwaye ngokuqinisekileyo siyakuncoma oko.

<sup>29</sup> Ngoku ndifuna nityhile kunye nam, ngale ntsasa, ekufundeni, kuSamuweli wokuQala isahluko sesi-8, size siqalisa

malunga no, masiqalise malunga nomqolo we-19, imiqolo ye-19 nama-20, mhlawumbi, nje isiqendwana esincinci ukwenzela umxholo.

<sup>30</sup> Kwaye ngoku, njengoko niyifumana, kwaye ngaphambi kokuba si... Siyakuyifunda, kuze emva koko sifuna ukuya emthandazweni. Kwaye ingaba kungabakho naziphi izicelo ngale ntsasa, uze uthi, "Ndikhumbule nje mna"? Kumhlangano wethu wokugqibela, iiveki ezimbini ezigqithileyo, okanye ezintathu, xa ndandinomhlangano... Wathi, thina...

<sup>31</sup> Kakade, ngelixa nisatyhilayo, umhlangano uqalisa eChautauqua, owesi-6 ngoku. Silindele ixesha eliminandi, eMiddletown, Ohio. Nina baneeholide ezizayo, yizani. Kwaye inkampu enkulu, kanye emlanjeni, apho, owu, thina... konke ukushumayela enakhe nakuva. Bayehla benyuka umlambo, abashumayeli, qho ngentsasa, yonke imini nobusuku. Ke bonke bayahlangana. Iyimihlabu emikhulu yenkampu, mkhulu kakhulu kuneSilver Hills, amaxesha amaninzi. Kwaye—kwaye ngoko indawo enkulu phaya apho sinokubeka phakathi kwesibhozo neshumi lamawaka abantu. Kwaye isoloko igcwele. Siba nexesha eliminandi e-Ohio.

<sup>32</sup> Kwaye omdala uMzalwana uKidd, ebendiye kumthandazela, ngenye intsasa. Nonke niyakhundikhumbula ndinixeleta, iiveki ezintathu eidlulileyo? Ugqirha wamnika amashumi amabini anesine eeyure, okuphila. Uphakamile kwaye uyahamba hamba. Ucapphule iSibhalo, ingoma angenako ukuyicula. Kwaye xa ndaya ndangena ndaze ndajonga kuye, ngenye intsasa, kwaye esa sikhafu asibhijeleyo. Ndimke apha malunga nesithathu okanye isine seeyure phambi kwemini, ukuze ndibe nokufika kuye. Bathi uyakufa ngala mini; umhlaza kwidlala lobudoda.

<sup>33</sup> Kwaye olungileyo obalulekileyo, omcinci, omdala umfazi, wayehlambela iisenti ezingamashumi amahlanu ngemini; oko kuphambi kokusa, kude kube semva kobusuku, ukwenzela amashumi amahlanu eesenti, ukugcina umyen i wakhe entsimini njengomshumayeli. Washumayela imvuselelo yeeveki ezimbini, waza wathabatha umnikelo, wafumana iisenti ezingamashumi asibhozo.

<sup>34</sup> Kodwa ndibabonile behleli phaya ngenye intsasa, zona zozibini ezincinci, izibini ezindala, isibini esincinci, gxebe, behleli phaya, kwaye esincinci isikhafu sakhe phezu kwamagxa akhe. Kwaye omnye wabaguqlwa bakhe, amashumi asithoba anesibini eminyaka ubudala, nje okrelekrele nohlakaniphileyo, kwaye umPentekoste kundoqo, kwaye ehleli phaya, niyazi. Ndaza ndathi, "Niyayazi into nina bantu badala enihlelele yona ngaphandle apha? Nilindele nje umkhombe urike." Yilonto kuphela. Umsebenzi wabo, konke abathe bakuzuza, i—ijongo abathe bayizuza, kwaye bakulungele ngoku ukuya kumvuzo wabo.

<sup>35</sup> Ndaza ndathi kuMzalwana uChev, okuya kuMzalwana uKidson...uKidd, ngala ntsasa, "Uzakuba kumhlangano waseChautauqua."

<sup>36</sup> Unditsalele umxeba izolo, wathi, "Mna...Ndiyakuba phaya, Mzalwana uBranham." Kuhle nje.

<sup>37</sup> Eninzi intlangano, kulungiselelo lwam olutsha olungenayo. Umzalwana, umzalwana womBaptizi emile apha, intombi yakhe, efikisayo, yabe uluhlobo oluneenkani kancinci. Ndaza ndamxelela, "Ndikunika intombi yakho ukwenzela iNkosi uYesu," ngenye intsasa. Kwaye xa wagodukayo, isindisiwe. Kwaye omnye apha ngale ntsasa, ukuba abhaptizwe kunye nokuqhubekeka.

<sup>38</sup> Kwaye indoda, uMnu. Sothmann, isihlobo sam esisuka eCanada, unina-zala ekwimeko yokufa, ndathi, "uyakumfumana unyoko-zala wakho xa ufika phaya, ephilile, esiya ekuphileni, kulungile." Leyo nje yindlela eyayiyiyo. Kwaye nje...abantu bayeza nje. Likubuntsana balo ngoku, liyashukuma. Kodwa, owu, silindele okungaphezulu, nokuninzi ngaphezu kwako konke. Sikwezingcolileyo nezokugqibela iintsuku, kodwa kwiyure ezukileyo.

<sup>39</sup> Ngoku ingaba ninazo iiBhayibhile zenu, ukwenzela ukufunda, isahluko sesi-8 sikaSamuweli? Kwaye bendimthembisile uGene ukuhlala emva phaya, ukushicilela konke koku. Besisaqalisa nje ukwenza njalo, emhlanganweni wethu.

*Kodwa ke abantu zange bavume ukuthobela ilizwi likaSamuweli; bathi, Hayi; kodwa inene masibe nokumkani phezu kwethu;*

*Ukuze thina...sibe nje...isizwe, zonke izizwe; nokokuba ukumkani wethu asilawule, aphume phambi kwethu, alwe amadabi ethu.*

*...Waweva uSamuweli onke la mazwi abantu, waze...wawathetha ezindlebeni zikaYEHOVA.*

*Wathi uYEHOVA kuSamuweli, Liphulaphule ilizwi labo, ubenzele ukumkani. Wathi uSamuweli kumadoda akwaSirayeli, Hambani niye elowo emzini wakhe.*

<sup>40</sup> Ngoku ukuba ndingazama ukukhetha okusuka koku, ngale ntsasa, oko ndiyakukubiza isiqendwana, ukwenzela imizuzu embalwa elandelayo, ndingathanda ukukhetha isiqendwana so: *Ukumkani Owaliweyo*.

<sup>41</sup> Yayilixesha, elathi njengawo onke amaxesha, okokuba abantu abazange bamfuna uThixo ukuba abakhokele. Bafuna indlela eyayabo yenkokhelo. Kwaye eli bali ngale ntsasa... Kwaye xa nisiya emakhayeni enu, kuyakulunga kuni ukuba niyifunde yonke. Yabe ilixesha lwe—lwemihla kaSamuweli, indoda kaThixo, umprofeti. Kwaye waye eyindoda elilungisa,

enesidima, ebekekileyo, enyanisekileyo nethembekileyo ebantwini, zange ibakhohlise, nokubaxeleta kwanto kuphela othe tye u-ITSHO INKOSI.

<sup>42</sup> Kodwa abantu babefike kwindawo apho babefune ukuyiguqula le nkqubo. Babejonge phezu kwamaFilisti, nama Amaleki, Amori, amaHiti, kunye nezinye izizwe zehlabathi, Kwaye babebonile ukuba zazineekumkani ezazizilawula, nezazizongamele, kwaye zizikhokela, zisilwa namadabi azo, nanjalo njalo. Kwaye oku kwabonakala ukuba uSirayeli wafuna ukuzifanekisa njengaba kumkani, nanjengaba bantu.

<sup>43</sup> Kodwa zange kubeyiyo, nakwesiphi isigaba, injongo kaThixo yokuba abantu Bakhe ukuba benze ngokufanayo nabantu behlabathi, okanye bonganyelwe okanye balawulwe njengabantu behlabathi. Abantu bakaThixo, njengo kwasoloko kunjalo, baba nga—ngabangaqhelekanga abantu, abohlukileyo abantu, ababiziweyo-bakhutshwa, abohluliweyo, kwaye ngokukonke bohlukile kwizenzo zabo, kwiindlela zabo, kuhlobo lwabo lokuphila, kunoko abantu behlabathi babekuko. Umdla wabo ezintweni, kunye nako konke ukwenziwa kwabo kwakukuko, kwabe kusoloko kuchasene kwizinto abathi abantu behlabathi bayinqwenela.

<sup>44</sup> Baza beza kuSamuweli abantu bakwaSirayeli bathi, “Ngoku, uyaguga, kwaye oonyana bakho abahambi ngendlela yakho.” Ngokuba, babenganyanisekanga njengoSamuweli. Babengabanyotywa nabathabathi mali. Baza bathi, “Samuweli, amakhwenkwe akho akafani nave, ke sifuna wena uhambe uyokusifunela ukumkani, uze umthambise, usenze abantu njengabo bonke abantu behlabathi.”

<sup>45</sup> Kwaye uSamuweli wazama ukubaxeleta ukuba oko kwakungayi kusebenza. Wathi, “Ukuba niyakwenza oko, into yokuqala eniyaziyo, niyakufumanisa ukuba uyakubiza bonke oonyana benu emakhayeni enu, aze abenze amajoni, ukuba babaleke phambi kwenqwelo yakhe yokulwa, kwaye bathwale izixhobo nemikhonto. Hayi kuphela oko, kodwa uyakubiza iintombi zenu, ukuba zibe ngababhaki bezonka, aze azithabathe kuni, ukuba zondle umkhosi. Kwaye,” wathi, “ngaphandleni kwako konke okuya, uyakuthabatha inxalenye yerhafu kuni, yeenkozo zenu, kunye nayo yonke ingeniso yenu. Uyakurhafisa konke okuya, ukwenzela amatyala athile karhulumente, nanjalo njalo, ekuyakufuneka ahlawulwe.” Wathi, “Ndicinga nina, nonke ngokuhlangenoyo, nenza impazamo.” Kodwa xa . . .

<sup>46</sup> Bathi abantu, “Kodwa sisafuna ukuba nje ngabo bonke abantu.” Kukho into ethile malunga namadoda nabafazi, abathi bafune ukufana omnye nomnye. Kwaye kuye kwabakho kuphela indoda enye eyakhe yaphila emhlabeni eyayingumzekelo wethu, kwaye yiyo Leyo eyasifelayo thina sonke, iNkosi noMsindisi wethu, uYesu Kristu. Wayengumzekelo ogqibeleyo woko

kufanele sibe kuko, soloko esemicimbini kaYise, kwaye esenza oko kulungileyo.

<sup>47</sup> Kwaye akukhathaliseki kukangakanani uSamuweli wazamayo ukubacenga abantu, ngokuqhubekeka balandela emva kwakhe, imini nobusuku, "Sifuna ukumkani. Sifuna indoda. Sifuna indoda esinokuthi, 'Lona ngumkhokeli wethu.'"

<sup>48</sup> Kwaye oko akuzange kube yintando kaThixo. Akuzange kube yintando kaThixo, okanye kungasokuze cube yintando kaThixo, okokuba umntu alawule phezu komnye. UThixo ulawula phezu komntu. UThixo nguMlawuli wethu, uKumkani wethu.

<sup>49</sup> Kwaye iyenkulu, enkulu ingozi yanamhlanje, ngokuba umntu ukhangeleka enalambono inye. Abakhangeleki benakho ukukuqonda ukuba uThixo usalawula umntu, endaweni yokuba umntu elawula umntu.

<sup>50</sup> Ke bazikhethela indoda ebizwa uSawule, eyayingunyana kaKish. Kwaye wayeyindoda ebekekileyo, indoda ehloniphekileyo. Kodwa wabafanelab abantu nje kakuhle, ngokuba wayeyenkulu, ende, ebalaseleyo, ubume bendoda. ISibhalo sathi wayentloko namagxa angasentla nakowuphi umntu kwaSirayeli. Wayengukumkani ngenkangeleko, kwaye waye emhle ebusweni. Wayeyekrelekrele kwaye egqwesileyo indoda.

<sup>51</sup> Ngoku, olo luhlobo lwendoda abathi abantu bathande ukuyonyula namhlanje. Abantu abakhangeleki besaneliseka ngendlela athi uThixo abeke iBandla Lakhe, ukuba longanyelwe kwaye lilawulwe nguMoya oyiNgcwele. Bafuna umntu othile, indoda ethile, ihlelo elithile, abanye abantu abathile ukuba bongamele iBandla. Oko, abakwazi kuzilahlela ngokupheleleyo esandleni sikaThixo, ukuba babengabomoya, ukuba bakhokelwe nguMoya oyiNgcwele. Bafuna umntu othile abenzele inkolo yabo, umntu othile oyakubaxeleta nje indlela yokuyenza, kunye konke namalunga nayo.

<sup>52</sup> Ke le ndoda yakhangeleka iyifanele indawo twatse, ngokuba yayiyindoda ekrelekrele kakhulu.

<sup>53</sup> Kwaye iluhlobo olunye njanganamhlanje. Sithanda ukwenyula abantu abanjalo, kananjalo, ukuba balawule amabandla ethu, ukuba balawule iBandla likaThixo. Akukho nto endinokuyitsho ngokuchasene nayo, kodwa nje ukuphawula, okokuba: ayiyiyo, yayingeyiyo, kwaye ingasokuze ibeyiyo intando kaThixo, ukuba lonto ibenjalo. UThixo kufanelab alawule abantu Bakhe, ukongamela umntu ngamnye.

<sup>54</sup> Ngoko sifumanisa ukuba lo nyana kaKish, indoda enkulu, kunye—kunye nesimo sakhe, kunye neyakhe... Wayekhangeleka ebafanele abantu, okokuba ingubo yakhe phezu kwakhe iyakukhangeleka ntle. Kwaye isithsaba entlokweni yakhe,

ingaphezulu kakhulu kubo bonke abantu, njengoko wayehamba, uyakuba lu—lulutho lwenene ebukumkanini bakwaSirayeli. Kuba, abanye ookumkani bayakubanjalo, bezinye izizwe, ziyakucinga, “Jonga enjani indoda!” Indlela ebabenokwalatha umnwe wabo baze bathi, “Jonga apha, onjani ukubamkhulu ukumkani esinaye! Jonga engakanani ukubankulu kwendoda ephezu kwethu!”

<sup>55</sup> Kwaye kulusizi ukutsho, kodwa inyaniseke njani namhlanje kunye nebandla, bayathanda ukuthi, “Umalusi wethu akayondoda icinga-xineneyo. Uyindoda ebalulekileyo. Unghothwele isidanga osuka eHartford,” okanye esinye esikhulu isikolo senkolo. “Unezidanga ezine eziphuma *kwazibani-nenjalo* indawo. Kwaye ungumxubi olunge kakhulu phakathi kwabantu.” Konke okuya kungaba kulungile, kwaye kunendawo yako. Kodwa indlela kaThixo ngeBandla Lakhe kukuba likhokelwe nguMoya oyiNgcwele, kwaye ngoMoya Wakhe.

<sup>56</sup> Kodwa bayathanda ukutsho ukuthi, “Sineli likhulu ihlelo esingowalo. Siqalise emva kwiintsuku zangaphambili zokuhlahl’indlela, xa sasiseligmuntswana, nje abambalwa kakhulu abantu, nabancinci. Kwaye ngoku sikhulile yade indawo de saba phakathi kwamakhulu kakhulu amahlelo akhoyo. Sinezingcono izikolo, kunye nabangcono ukufundiswa abalungiseleli. Sinezingcono ukunxiba izihlwele. Kwaye abona bakrelekrele kakhulu abantu besixeke bahamba ihlelo lethu. Kwaye siyanikisa kumancedo. Kwaye senza izenko ezilungileyo, kunye nako konke okunjalo.” Kwaye akukho nanto, Thixo yala, yokuba ndithethe igama elinye ngokuchasene nokuya, kuba okuya kulunge konke.

<sup>57</sup> Kodwa, futhi, ayikho sentandweni kaThixo ukuba umntu alawule phezu komntu. UThixo wathumela, ngoSuku lwePentekoste, uMoya oyiNgcwele ukulawula ezintliziyweni zabantu, kwaye ulawule ebomini bakhe. Kwaye kwakungabhekiselimwanga ekubeni umntu alawule phezu komntu.

<sup>58</sup> Kodwa siyakuthanda ukutsho oko. Iyinto ebalasela kakhulu xa sinokuthi singabongako ukuba mkhulu umbutho.

<sup>59</sup> “Ingaba ungumKristu?” leyo yindlela endizive ngayo phezu kwesi siqendwana, xa bendisesibhedlela. Kwaye bendiyakubuza omnye, “Ingaba ungumKristu?”

“Ndingowethile-thile.”

“Ingaba ungumKristu?”

“Ndingowethile-thile.”

<sup>60</sup> Kwaye umongikazi omncinci weza ecaleni kwebhedi, aphi bendifunda iBhayibhile, kwaye waye ngo—ngomtsha umongikazi emgangathweni. Waza wathi, “Unjani.” Wathi,

<sup>60</sup> “Ndiyakholwa unguMfu. Branham, ulapha uzele uhlolo lomzimba.”

Ndathi, “Ndininguye.”

<sup>61</sup> Waze wathi, “Ndiningakuhlikihla umqolo, ndikwenze uzive ngcono kancinci ngotywala?”

Ndaze ndathi, “Ungayenza.”

<sup>62</sup> Ngelixesha wayehlikihla kumqolo wam, wathi, “Leliphi ihlelo lebandla ongowalo?”

<sup>63</sup> Ndaze ndathi, “Owu, ndingowelona lidala ihlelo elikhoyo.”

Waze wathi, “Hlelo lini elo?”

<sup>64</sup> Ndathi, “Lelo lahlanganiswayo phambi kokuba ihlabathi lihlanganiswe.”

<sup>65</sup> Kwaye, “Owu,” wathi, “intoni? Andikholwa ukuba ndiyakwazi nje oko.” Wathi, “Ndiningowebandla elithile. Ingaba ngulambutho?”

<sup>66</sup> Ndathi, “Hayi, ma’am. Oko kwakumalunga nje namakhulu amabini eminyaka eyaqqithayo, la mbutho. Kodwa lo mbutho waqala ekumemeleleni kunye kwamakhwezi okusa, noonyana bakaThixo beduma luvuya, xa babona ukuza koMsindisi ezokuhlangula uluntu.”

<sup>67</sup> Waze nje wayeka ukuhlikihla umqolo wam. Ke ndandigobile kancinci, ngaphaya *ngale* ndlela, ukuze inenekazi lihlikihle. Kwaye lalilelangaseCorydon, ezantsi apha. Sangena ekuthetheni. Laze lathi, “Mhlekazi, ndabendisoloko ndikholelwa okuba ukuba uThixo wakhe wanguThixo, UsenguThixo, namhlanje, nje ngohlobo Awayelilo kwimihla yakudala.” Lathi, “Nangona ibandla lam likuphika oko ngokuphandle, kodwa ndiyakholelwa oko kuyiNyaniso.”

<sup>68</sup> Ndaze ndathi, “Akumgama ebuKumakanini bukaThixo, mfazi osemtsha.”

Lathi, “Ukuba Wakhe wangumphilisi, akungebi Usengumphilisi?”

Ndathi, “Ngokuqinisekileyo kakhuluunjalo, dade wethu.”

<sup>69</sup> Kodwa abantu bafuna ukulawula, kwaye balawule phezu komntu. Kwaye umntu ufuna umntu ukuba alawule phezu kwakhe. Akafuni ukuba noThixo alawule.

<sup>70</sup> Ke lo nyana kaKish, uSawule, ngegama, wayeyimpendulo nje koko babekufunile, indoda enkulu enesithomo. Kwaye i... Owu, wayenakho nje ukubakhokelela kumadabi abo, nanjalo njalo. Kodwa, futhi, yayingeyondlela kaThixo yokwenza izinto. UThixo wayefuna Owakhe othembekileyo omdala umprofeti abakhokele, aze athethe aMazwi Akhe kubo.

<sup>71</sup> Ngoku, namhlanje, kwisigaba sethu esikhulu sebandla esiphila kuso, thina, ndiyacinga, kwaye ndikukholwa

oku ngentliziyo yam yonke, ukuba sihambe kanye ngokuphendulelekileyo koko uThixo wasimisela ukuba sikwenze. Amazwi okugqibela oMsindisi wethu ayekuMarko 16. Athi:

*Hambani niye kulo lonke ihlabathi, nishumayele iVangeli kuyo yonke indalo.*

*Lowo ukholiweyo wabhaptizwa uyakusindiswa;... lowo ongakholwanga wogwetywa.*

*Kwaye le miqondiso iyakulandelelana nabo abakholwayo; Egameni lam bayakukhupha iidemon; bayakuthetha ngolwimi olutsha;*

*Kwaye ukuba bathe baphatha iinyoka; okanye... basela...izinto ezibulalayo, aziyikukha zibenzakalise bona; kwaye ukuba ba...babeka izandla zabo kwabagulayo,...bayakuphila.*

<sup>72</sup> Akukho ndoda, akukho nyana kaKish, okanye namnye ongomnye, ongavelisa okuya ngaphandle kwenkokhelo kaMoya oyiNgcwele. Kodwa senze izikolo, senze izikolo zakwalizwi, saza senza imibutho, ukwa—ukwanelisa, nokukhangeleka njengehlabathi lonke.

<sup>73</sup> Ngoku, uMoya oyiNgcwele wawuqhele ukuba nguMkhokeli kwesi sizwe. Esi sizwe sasiqhele ukonganyelwa xa emva e... xa babbala ubhengezo lwenkululeko. Kwaye kwakukho isitulo esingaphezulu sihleli phaya. Akukho nantwana yentandabuzo engcingeni yam kuphela koko uNyana kaThixo wayehleli kula tafile, xa esi sizwe sasekwayo phezu kwemigqaliselo yenkululeko yenkolo nenkululeko kubo konke, kwaye naphezu kweziseko zeLizwi elinguNaphakade likaThixo.

<sup>74</sup> Kodwa sikonakalisile oko. Ezopolitiko; sivotele amadoda khona phaya, phantsi kokuthenga nokuthengisa, nezithembiso zobuxoki. Kwade...Isizwe sethu, kunye nezopolitiko zethu, nentando yesininzi yethu, ingcolisekile kakhulu ide ibe i—iphinyene nobukomanisi nazo zonke iintlobo zee isms.

<sup>75</sup> Kwaye amaxesha amaninzi sibizelwa kwiintlelo zomthandazo, xa iiimbumba zamazwe zihlangana, kwaye phaya...okanye ukuba nengxoxo. Kwaye kwelinje elithile ixesha elikhulu, kungekudala, kwakungekho nalinje ixesha lokubizwa komthandazo. Siyakuze sizisombulule njani izantlukwano zethu ngaphandle komthandazo? Singaze sibe nokulindela njani, kulo lonke ihlabathi, ukwenza nantoni ngaphandle kwenkokhelo kaMoya oyiNgcwele?

<sup>76</sup> Kodwa mandikutsho oku ngothando nangeentloniphokwisisizwe sethu nakwiflegi yaso, nakwiriphablikhi emele yona: Simalile uMkhokeli wethu, uMoya oyiNgcwele, kwaye ngezopolitiko ezonakeleyo sizise ngaphakathi amadoda agqwetheke ingqiqo. Kwaye ukuba aniqapheli, azakwenza

enye yezibhubhisayo iimpazamo abakhe bazaenza, kanye ngoku, kungokuba abantu banqwenela amadoda abalawule.

<sup>77</sup> Esikudingayo kwikomkhulu lale United States, njengomongameli, esikudingayo eBhungeni, esikudingayo kumaholo ethu obulungisa, ngamadoda abungewalisileyo ubomi bawo kuThixo, kwaye ezaliswe nguMoya oyiNgewe, kwaye ekhokelwa yinkokhelo yaKhe eNgewe. Kodwa, endawemi yoko, sikhetha amadoda obukrelekrele, amadoda ano “kumila kokuhlonela uthixo, kwaye ewaphika amandla kaThixo,” amadoda angakholelwayo ukuba uThixo ukho, kwaye ngamany amaxesha ade abe mabi kakhulu kunokuya, sizisa kwimimango yethu yezopolitiko, yesizwe sethu.

<sup>78</sup> Hayi kuphela okuya, kodwa emabandleni ethu. Amabandla ethu aye onakala phezu kweziseko zokuba thina, ekukhetheni abelusi bethu ukuba basikhokele, siye saya kwizikolo zakwalizwi saza sakhetha amadoda azingxilimbela ezinkulu zobukrelekrele, amadoda ahlakaniphe kakhulu engqondweni, amadoda anenxaso yezimali ngokugqwesa kwizifundo, kwaye angabaxubi abakhulu phakathi kwabantu, kwaye engamadoda amakhulu ekuhaleni, ntolleo ndingenanto ichaseneyo yokuyitsho. Amadoda anobubele kwiindlela zawo zokuhamba, enobunono kwiindlela zawo zobomi, kunye nendlela aziphethe ngayo phakathi kwamanye amadoda, naphakathi kwabantu, amadoda amakhulu kwiindawo zawo zokusebenza, ntolleo endingathethi kakubi ngayo. UThixo makandalele ukuba umoya wam ungaze ubembi ngolwahlobo. Kodwa, futhi, oko asikuko oko uThixo wasikhethela kona.

<sup>79</sup> Yinkokhelo kaMoya oyiNgewe: uKristu entliziyeweni yamadoda. Amaninzi alomadoda akrelekrele amileyo epulpitini yethu aphika obenene ubukhona bukaMoya oyiNgewe. Abaninzi babo aphika ukubakhona kwempiliso eNgewe kunye naMandla kaMoya.

<sup>80</sup> Bendifunda inkqaku lomhleli, izolo, ndiyakholwa bekungoko, uthotho lokuhotyoshelweyo kwephephandaba olusuka kuJack Coe, ongasekhoyo uJack Coe, i...omnye wabaguqulelwa bam kwiNkosi uYesu, owayelikhalipa lendoda eligorha, ngomhla wayo. Kwaye wabizelwa embuzweni, ezantsi eFlorida, ngenxa yokucela umntwana omncinci ukuba akhulule iziqhoboshi milenzeni yakhe, kwaye ahambe ukunqumla iqonga. Kwaye ekwenzeni oko, umntwana wahamba wanqumla iqonga, kakuhle, waza wawa xa efika kunina. Konke ikukuhlelwa lutshaba lukaKristu, eli nenekazi liselitsha kunye nomyeni walo bazisa owethu okhaliphileyo umzalwana kwiinkundla zesizwe.

<sup>81</sup> Kwaye xa lonke ibandla kwakufanele lama kunye noMzalwana uJack, xa yonke indoda yebandla ebabaza iGama likaYesu Kristu kwakufanele ime ecaleni lakhe, ngokukhalipa,

yonke indoda ebiza eGameni leNkosi uYesu kwakufanele yawa emadolweni yathandaza, Kodwa, endaweni yoko, ekunqumlezeni iintloko-ndaba zamaphepha, elinye lamahlelo ethu amakhulu lathi lalibambisene kunye nabangakholelwayo ukuba uThixo ukho, ukohlwaya, kuvalelwe entolongweni uMzalwana uJack Coe. Ungafane ucinge ibandla, lizibiza iGama likaKristu, lingabambisana nonganankolo, ukohlwaya indoda enobuthixo eyayizama ngentliziyo yayo yonke ukumela iBhayibhile? Kodwa bayenza.

Kwaze emva koko uMzalwana uGordon Lindsay wabakuuhlangulo.

<sup>82</sup> Kwaye xa umgwebi ongakholwayo wathi, “Le ndoda ngumgunyathi ngokuba isuse iziqhoboshi milenze kulamntwana yaza yamnqumlisa iqonga, yaza yathi ‘wayephilisiwe.’ Kwaye yaxoka, kwaye yenze into echasene nemiyalelo kagqirha, ngoko ke inetyala lokukohlisa malunga nayo.”

<sup>83</sup> Kwaye uMnu. Coe waphakama, waze wathi, “Mhlekazi, ndiyayala la ntetho. UThixo uyiphilisile inkwenkwe.”

<sup>84</sup> Waza wathi umgwebi, “Ndiyakubuza nayiphi indoda kule nkundla ukuba la ntetho ingaba inyanisile, yokuba uThixo unakho ukuphilisa la nkwenkwe kokunye ukuphela kweqonga, aze ayiyeke igule kokunye ukuphela. Ukuba la ntetho inokubonakaliswa ngeBhayibhile, ngoko ndithi uMnu. Coe unelungelo ngentetho yakhe.”

<sup>85</sup> Kwaye umlungiseleli waphakamisa isandla sakhe, waze wathi, “Mhlonipheki, mhlekazi, ndingayichaza?”

Waza umgwebi wathi, “Yitsho.”

<sup>86</sup> Waza umlungiseleli wema ngeenyawo, wathi, “Ngobunye ubusuku, kulwandle oludlikidlayo, xa inqanawana encinci yayimalunga nokuya emazatsi, onke amathemba okusindiswa ayephelile. Babona uYesu, uNyana kaThixo, esiza ehamba emanzini. Kwaye omnye wabapostile, ngegama elinguPetros, wathi, ‘Ukuba nguWe, Nkosi, yitsho ndize kuWe emanzini.’” Waze wathi, “INKosi yathi kumpostile uPetros, ‘Yiza.’ Kwaye wehla emkhombeni, mhlekazi, ehamba nje kakuhle njengoYesu wayenjalo, ehamba emanzini. Kodwa xa woyikayo, waqalisa ukutshona phambi kokuba afike kuYesu.”

Umgwebi wathi, “Ityla lichithiwe.”

Sifuna ubunkokheli bukaMoya oyiNgewe, hayi amadoda akrelekrele.

<sup>87</sup> USawule, unyana kaKish, waye ngoko wenziwa umphathi phezu kwabantu, kwaye wathabatha amawaka amabini amadoda, waze uYonathan wathabatha iwaka. UYonathan wehla waya kwinkampu yomkhosi waza waxabela imfumba yama Amoni, ama-Amoni, gxebe. Kwaye xa—xa wawaxabelayo,

uSawule wavakalisa ixitongo, waza wathi, “Uyabona akwenzileyo uSawule.” Waqalisa ukukhukhumala.

<sup>88</sup> Nje kwamsinyane njengoko indoda iba ngothile uGqirha wobuNgcwele, okanye ifumana intwanana ethile encinci emva kwegama layo, iba yengaphezulu, okanye engaphantsi, owazi-yonke-into.

<sup>89</sup> Amadoda kaThixo ngamadoda athobekileyo. Abantu bakaThixo ngabantu abathobekileyo. Xa ubona umntu othile othi bamkele uMoya oyiNgcwele, baze baqalise ukuzahlula, ngokukhangelekayo, benganalo uKholo, beqhubekeka, bezama ukuba yinto abangeyiyo, khumbula nje, abayamkelanga iNkosi uYesu.

<sup>90</sup> Ngoko siyafumanisa ukuba utshaba langena. Kwaye lalizakuza kwingquba elincinci labantu bakaThixo, kwaye lizakukhupha iliso layo lasekunene yonke indoda.

<sup>91</sup> Yilonto utshaba lisoloko lizama ukuyenza, kukukhupha omabini amehlo, ukuba linakho, ukuze abantu bangabinakho ukubona oko bakwenzayo. Yilonto uSathana azama ukuyenza namhlanje kuye wonke umKristu, ukukhupha ukubona kwakhe kokomoya, ukuze abenokulandela kuphela uluvo lobukrelekrele bezinto, kwaye hayi uluvo loMoya oyiNgcwele umkhokela.

<sup>92</sup> Ke ngoko xana bakwenzayo oko, xa ukoyisa okukhulu kwafikayo, ngoko uSawule wanqunqa iinkabi zenkomomo ezinkulu ezimbini waze wazithumela kubantu bonke. Kwaye ndiyathemba uyakuqaphela apha, xa uSawule wathumela iintwanana zenkabi zenkomomo kuwo wonke amaSirayeli, kwaye wathi, “Makuthi wonke ubani ongayikulandela uSamuweli noSawule, makathi yena, lenkabi yenkomomo, abe nje *ngoku*.” Ingaba uyabona indlela awazama ngayo ukuba nobuqhetseba ukuzimisa yena kunye nendoda kaThixo? Indlela—indlela eyayingenabukristu ngayo! Uloyiko lwabantu lwalungenxa kaSamuweli. Kodwa uSawule wabenza bonke balandela yena ngokuba abantu babesoyika uSamuweli. “Mabalandele uSamuweli noSawule.”

<sup>93</sup> Kwaye mangaphi amatyeli, namhlanje, esiyivileyo! “SiliBandla elikhulu. SiliBandla likaKristu. SiliBandla likaThixo. Singoo—oozbani-bani.” Ibenza abantu babe nokoyika, baze bacinge ukuba oko ngenene kulapho uThixo asebenza khona. Kwaye abayifuni inkokhelo kaMoya oyiNgcwele. Baxolele ukulandela amadoda ngolwa hlobo, ngokuba bayathanda ukuphila ubomi beziyu zabo. Bayathanda ukukholelwa oko bafuna ukukukholelwa.

<sup>94</sup> Ingaba uyabona? UMoya oyiNgcwele nguMgwebi wethu. UThixo akazange asinike upope, okanye ubhishop, okanye nabani, ukuba abe nguMgwebi. UMoya oyiNgcwele, uMuntu

kaThixo, kwimo kaMoya oyiNgcwele, nguMgwebi wethu kunye noMkhokeli wethu. Ngoku, kutheni kuyilanto?

<sup>95</sup> Ncedani xolelani obu bukrwada, kunye nokukrwada ukuvakalisa. Andibhekiselelanga ukubeni mbi. Ndiyitsho ngokusuka kuthando.

<sup>96</sup> Kodwa uMoya oyiNgcwele uthi ayilunganga ukuba abafazi bethu bachebe iinwele zabo. Kwaye akulunganga ukuba abafazi bethu banxibe ezincinci ezimfutshane nebulukhwhe zabafazi, kwaye baqabe imilebe yabo nobuso ngesiqabi. UMoya oyiNgcwele uthi ayilunganga.

<sup>97</sup> Kodwa sifuna amadoda asixelete ukuba konke kulungile, “Okoko nje silandela mna kunye noSamuweli.” Bayathanda ukuphila iiitsuku ezintandathu, nangayiphi indlela abayifunayo, baze baye ebandleni ngeCawa kusasa. Kwaye omhle wobukrelekrele bakwanokholeji kunye nezininzi izidanga abe nokuthetha nabo intshumayelo encinci eyakuthi...iziqhulo ezimbawala kuyo, eziyakunyumbaza iindlele zabo ize ibenze bonwabiseke, njengothile umdlalo bhanyabhanya okanye inkqubo kamabonwakude. Aze atsho umthandazo omfuntshane phezu kwabo, aze abagoduse kunye nohlobo lo-lokhuseleko lokuzanelisa lokuba bayenzile inkolo yabo. Oko asiyontando kaMoya oyiNgcwele.

<sup>98</sup> UMoya oyiNgcwele ufunu wena uphile ngokobuthixo, yonke imihla ekekini, na qho ngobusuku, uzahlule kwizinto zehlabathi.

<sup>99</sup> Kodwa ibandla alikufuni oko. Bafuna indoda ethile enakho—enakho ukutolika iBhayibhile ngendlela abafuna ukuYiva ngayo. Abasayi kuphulaphula kwilizwi likaMoya oyiNgcwele lithetha ngokuza ngeBhayibhile. Abaninzi babo bafuna ukuthi, “Imihla yemimangaliso yeqqitha.” Yilonto enyumbaza abantu. Bafuna ukuthi, “Akukho bhaptizo loMoya oyiNgcwele.” Abantu abafuni kwenza nangokunye ukwahluka kunoko ihlabathi lonke likwenzayo. Abafuni kungena esitratweni baze bahlambe ubuso, kwaye—kwaye amadoda kunye nokucocka kwenkangeleko, kwaye kungekho midiza emilonyeni yabo, kunye—kunye nemidiza emikhulu, neenqawa, kunye—kunye nezinto awathi amadoda azenze. Kwaye abafazi bafuna ukuchetywa kweenwele zabo zibe mfutshane kakhulu, kwaye—kwaye benxibe iilokhwhe ezincinci, kwaye ezibonisa ubume babo, nezinto abazifunayo. Ba—bafuna amadoda ayakubaxeleta, “Konke oko kulungile.”

<sup>100</sup> Ngoko, ngobunye ubusuku, naku kusiza indoda izokundixeleta, okokuba kuba ndishumayele ngokuchasene noko, okokuba ihlelo elikhulu, malunga nesihlanu awo, bathi, “Siyakumyeka uMzalwana uBranham size singabi nanto ingenye yakwenza kunye naye. Ungabe ubize ezoteyiphu zibuye, uze uxixolisele, okanye siyakukuyeka.”

<sup>101</sup> Ndathi, “Ndiyakuma neLizwi likaThixo. Ukuba kuthabatha konke okusebomini bam, ndiyakusala neLizwi. Kwaye ndi . . .”

Wathi, “Kuhle, akumele urhoxise *enje-na-nje* iteyiphu?”

<sup>102</sup> Ndathi, “Andizange ndashumayela nanto, ebomini bam, endandinentloni ngayo. Andirhoxisi ziteyiphu okanye shicilelo. Ndisala noko uMoya oyiNgcwele ukutshoyo. Oko ndiphila ngako kwaye ndifa ngako.” Hayi ukuzama ukutsho malunga nesiqu sam ngoku. Kodwa ndizama nje ukuninika ingcaciso yoko kwenzakayo, ukuze nibe nokubona kwaye niqonde. Ngabantu abafuna ukukhokelwa ngamadoda.

<sup>103</sup> Babengamfuni uSamuweli. Ngoko emva kokuba bemthambisile uSamuweli abe ngukumkani . . . okanye uSawule, ukumkani, ndixoleleni, uSamuweli wabuyela kubo kwakhona. Kwaye ndizakuthetha nje ngolwimi ngohlobo awayenokuyitsho namhlanje. Ningayifunda. Wathi, “Yintoni ingxaki nokuba uThixo abe nguKumkani wenu?”

“Kuhle, asimboni uThixo.”

<sup>104</sup> “Kuhle, ndingummeli Wakhe,” wathi uSamuweli, “Ingaba ndakhe ndanixeleta into engalunganga? Ingaba ndakhe ndaprofeta nayiphi into engazange yenzeke nje ngokuba ndithe iyakubanjalo? Ingaba andinixeletanga iLizwi leNkosi? Kwaye ndiyakunibuza oku: Ingaba ndakhe ndeza kuni ndaza ndangqiba nakubani imali yenu? Ingaba ndakhe ndathabatha nantoni kuni? Ingaba ndakhe ndazisa nantoni na kuni kuphela othe ngqo u-ITSHO INKOSI? Kwaye uThixo uyingqinele, lonke ixesha, okokuba yayiyyiNyaniso.” Kwaye wathumela indundumo neemvula (Niyasazi iSibhalo, nina, kanye phaya.) ukubonakalisa ukuba uSamuweli wayengumlomo kaThixo.

<sup>105</sup> Kwaye njengoko uSamuweli wamelayo ngokuggibeleyo: Namhlanje, uMoya oyiNgcwele— UMoya oyiNgcwele ngumlomo kaThixo: othetha nje ngokuchanekileyo oko iBhayibhile ikutshoyo; okholelwayo nje oko iBhayibhile yakutshoyo, kwaye ungayi kwahluka kuYo, nakancinci.

<sup>106</sup> Kodwa babefuna umuntu othile owayenokubaxeleta bona ngokwahlukileyo. Kwaye abantu babengenakutsho okokuba isiprofeto sikaSamuweli sasingaqgibeletanga. Baphendula bathi, “Samuweli, konke okuthethileyo eGameni leNkosi, iNkosi ikwenze kwenzeka njengoko wakutshoyo. Akukho nalinye igxeke. Akuzange weza kuthi ukuza kungqiba imali yethu. Uzondlile isiqu sakho. Akuzange wasicela sikwenzele into enkulu, into ebalaseleyo. Wathembela kuThixo wakho, kwaye Yena wakuhlangula kuzo zonke izinto. Kwaye amazwi akho anyanisekile. Yonke into owayithethayo eGameni leNkosi ibe nje ngokuba uyitshilo. Kodwa sisafuna ikumkani.”

<sup>107</sup> Ingaba niyakubona ukungangqinelani? Ingaba ni- niyakubona u—ubuqhophololo bomtyholi, bunokusebenza

ebantwini? Endaweni yokuba indoda okanye umfazi avumele uMoya oyiNgcwele, kwaye aphulaphule koko u-ITSKO INKOSI akuko, ukwenzela ubomi obunyulu, nesingadyobhekanga isimilo, ukwenzela ubomi obahlukileyo, abantu abayinqobo, isizwe esingcwele, abantu abenza ngokungaqhelekanga; bakhetha ukuthi boyamane nehlabathi, kwaye benze njengehlabathi, kwaye baye kwibandla elithile elithi, “Konke oku kulungile, yenza nje ngolwahlolo uze uqhubekeke.”

<sup>108</sup> Ingaba uyabona into eyiyo? Bathi, “Akukho nto injе ngempiliso. Owu, ubhaptizo loMoya oyiNgcwele yayibubume bokwakhela umsebenzi ebandleni.” Ngamanye amazwi, ngoko uThixo wathabatha amadoda, wathabatha uMoya oyiNgcwele wamkhuphela ngaphandle ebandleni, waza wavumela amahlelo alakhe lona. Zange, zange. Akukho nto injalo. UMoya oyiNgcwele, iLizwi leNyaniso, kwakufanele ukukhokele ade uYesu afike. Kodwa leyo indlela eya—eyahamba ngayo.

<sup>109</sup> USawule wangena elulawulweni. Yena emkhulu... Waba nabalandeli abaninzi. Owu, wayenezikrweqe ezintle. Wayeneemvumi. Wayenamakhaka, kwaye wayenemikhonto. Owu, wazogqitha zonke izizwe. Kwaye wazizisa kulawulo lwentando yesininzi eyayingaphaya nakweyiphi into anokuthi nabani awakhe wayiva.

<sup>110</sup> Kwaye oko koko kanye amahlelo namabandla ethu akwenzileyo namhlanje. Sinezinkulu izakhiwo zamabandla ehlabathini. Sinabona banxibe kakuhle abantu ehlabathini. Sinabona bafunde ngoxhaso lwezimali abanokuziswa.

<sup>111</sup> Njengamadoda aqeqliwewo kaSawule awayenokuthabatha lamkhonto, kwaye enakho ukuwushukumisa awuhambise ngokuphamba de izizwe ziboyike. Babengabantu abaqeqliwewo, kwaye bonke. Kodwa, ngenye imini, kwafika ixesha okwathi kwabakho umcelimngeni owaphumayo. Kwaye waphehluelisa wonke umkhosi kaSirayeli de bema, bengcangcazelza ezhlangwini zabo. UGoliyathi wabacela umngeni, “Ukuba uThixo wenu ngulowo enithi nguYe! Niqeleshwe ngokungcono.” Kwaye wabacela umngeni. Babengayazi amabayenze. Ezabo ezintle, ezicociwewo izikrweqe zazingenakho ukusebenza. Imikhonto yabo yayingenakho ukusebenza. Kwakukho into ababengazange bayiva, ngaphambili, yayisenzeka.

<sup>112</sup> Kwaye ngako konke ukhlonela nentloniphо yobuthixo, newonga nesidima, nothando nobudlelwana bobuKristu, ndiyakutsho oku: Ndifundile, ngenye imini, kwiphepha lase Afrika, apho unyana wethu kaKish, umcelimngeni wobuvangeli, xa, umMohamedi wamcela umngeni, uBilly Graham. Wathi, “Ukuba uThixo wakho nguThixo, Makaphilise abagulayo njengoko Watshoyo uyakuyenza.” Kwaye unyana kaKish,

kunye nomkhosi wonke, bazola baze balishiya ilizwe, beyisiwe. Lihlazo. UThixo wethu nguThixo.

<sup>113</sup> Sinamabandla ethu alungileyo. Sinovangelo lwethu oluhle. Sineemvumi zethu ezihlawulwayo. Sineekwayala zethu ezingcono, eziphakamileyo izindlu ezineenkcochoyi elizweni. Sinamadoda alunge kakhulu, enye yeninzi imali. Sinobukrelekrele. Sinemfundo yezenkolo ezantsi ekwiqondo; sinokuyishumayela; sinokuyichaza. Sinokuvangela kwaye sizise abantu ngaphakathi, kwaye senze izigidi nyaka ngamnye, zabaguqlwa, beze ebandleni. [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.] Iimvumi zethu ezihlawulwayo, uvangelo lwethu olukrelekrele, alazi ukuba kuhlangatyezwana njani nomceli mngeni ongolwahlobo. Abazi nto ngawo. Abazi nto ngamandla Akhe okphilisa, obhaptizo loMoya oyiNgcwele, amandla anokuthabatha isithunzi sendoda isifa ngumhlaza, aze ayikhulule. Abazi nto ngawo. Abakhange baqeleshwe kulamhlaba, njengoSawule kunye neqela lakhe elinziwe ngumntu.

<sup>114</sup> Kodwa manditsho ebantwini bakaThixo, kunye nakuni bantwana, ukuze nibe nokuyazi ukuba uThixo akasokuze anishiye ngaphandle kwengqina.

<sup>115</sup> Ekungazini, kuSawule, uSawule wayengazi kwanto malunga nayo. Kodwa uThixo wayenomncinci uDavide emva ngaphaya emva kwenduli ndaweni ithile, owayengondli izimvu kwikhula lobucawa. Wayezikhokelela kumanzi angawokuphumla nakumadlelo aluhlaza. Wayekhathala ngezimvu zikayise. Kwaye ukuba into ethile izile, utshaba, ukuxhakamfula enye yezimvu zikayise, wayewazi amandla kaThixo okuhlangula la mvu.

<sup>116</sup> UThixo usenaye uDavide, ndaweni ithile, owaziyo yintomi ukuhlangula enye yezimvu zikaThixo, ngamandla kaThixo. Usakwazi konke malunga nako.

<sup>117</sup> Wayethembele. Wayengazi kwanto malunga nesikrwege sikaSawule, engafuni nanto ngaso. Wayengafuni nantoni yamahlelo abo. Wayengafuni izikrweqe ezidala phezu kwakhe. Wathi, “Andazi nto ngaso. Kodwa ndiyekeni ndihambe ngamandla endiwaziyo.” Waye ondle izimvu zikayise. Wayekhathalele amadlelo. Wayezinike uhlobo olulungileyo lokutya, kwaye zaziphila zisanda.

<sup>118</sup> “Umntu akasyi kuphila ngasonka sodwa. Kodwa ngalo lonke iLizwi eliphuma emlonyeni kaThixo, umntu uyakuphila.” UMalusi onyanisekileyo uyazondla zona. “UYesu Kristu nguye izolo, namhlanje, naphakade.” Kwaye ukuba utshaba luxhakamfula enye, ekuguleni, uyawazi amandla kaThixo.

<sup>119</sup> Jonga kuDavide omncinci, wema phaya. Wathi, “La mfo ngumlwi, kusukela ekuzalweni kwakhe. Kwaye kusukela

ebutsheni bakhe, akakhe wazi nto kuphela umkhonto nesikrweqe. Uqequeshiwe kakuhle. Ngowemfundo yezenkolo. Kwaye wena akwazi nto malunga nayo.”

<sup>120</sup> Wathi, “Yinyaniso leyo, mhlekazi. Andazi nto malunga noqequesho lwakho lwemfundo yezenkolo. Kodwa kukho into enye endiyaziyo, yokuba, xa utshaba lufika, ukuza kuthabatha enye yezimvu zikabawo, ndahamba ngamandla kaThixo. Ndayihlangula. Ndayibuyisa ikhuselekile kwimpilo elungileyo kwakhona. Ndayibuyisela kwanomthunzi amadlelo aluhlaza namanzi angawakophumla. Kwaye uThixo owayinikelayo ingonyama ezandleni zam, ndaza ndayibulala xa yayithabatha enye ye—yeemvana, kwaye Wandenza ndabulala ibhere, ngokunjalo uThixo weZulu uyakuhamba nam ukuya kubulala lona ungalukileyo umFilisti.”

Sidinga ubukhokeli bukaMoya oyiNgcwele. Andiyazi imihla Yam; akukho bani uyaziyo.

<sup>121</sup> Ngenye intsasa ndandilele ebhedini Yam. Kwaye ndandi... ndandilele, ndaza ndaphupha ukuba uJoseph wayegula, kwaye ndandimfunqule ukuze ndimthandazele. Kwaye xa ndavukayo, ndandikhathazeke kakhulu. Ndathi, “Kuhle, mhlawumbi uJoseph uzakugula.”

<sup>122</sup> Ndaza ndajonga, kuhamba phambi kwam, elincinci, elimnyama ithunzi, gxebe elibuntsundu ibala. Kwaye yakhangeleka ngathi yayindim. Ndaza ndayibukela. Kwaye kusiza ngasemva yayinguMntu othile emhlophe, kwaye yayinguYe. Ndajonga ngaphaya kumfazi wam, ukuze ndibone ukuba wayehleli, ukuze ndimbonise, wayenakho ukuwubona umbono. Kodwa wayelele.

<sup>123</sup> Ndathi, “Owu, ndiyaxolisa, Nkosi. Kodwa, obo ibibubomi bam. Kuye kwafanela undiqhubele kuyo yonke into endakhe ndayenza. Lonke ixesha nantoni ibiya kwenzeka, bendiyakucinga ukuba ibinguWe oyenzayo. Kwaye ndaqonda yayinguSathana ezama ukundigcinela kude kuyo.” Ndathi, “Ukuba njengoko ndandisajongile, ndabona obona buhle ubuso endakhe ndabubona emntwini. Waye ephambi kwam, ejonge ngasemva. Waphakamisa isandla Sakhe waze wabamba esam, waze waqalisa ukuhamba *ngale* ndlela. Umbono wandishiya. Ngentsasa yeCawa edlulileyo, ndandikhо, ndandivuke kwangethuba. Oko kwakungoMgqibelo, lo mbono. Kwi... .

<sup>124</sup> Ndabasoloko ndinexhala, ndabasoloko ndicinga ngokufa. Kona, mna ekubeni ndimashumi amahlanu, ngawo, ixesha lam ali... andizange ndicinge ukuba kwakukudala kakhulu. Kwaye ndamangala yintoni endiyakuba yiyo kulamzimba welizwi, umzimba wezulu. “Kungaba ndiyakubona abahlubo bam abaxabisekileyo kwaye, ndithi, inkungwana encinci igqitha, ndize ndithi, ‘Nanko egqitha uMzalwana uNeville,’ okanye,

engenakuthi, ‘Yebo, Mzalwana uBranham?’ Kwaye xana uYesu efika, ngoko ndiyakuba ngumntu kwakhona.” Ndibendisoloko ndicinga ngoko.

<sup>125</sup> Ndandiphupha ukuba ndandingaphandle eNtshona. Kwaye ndisiza ngokuhla ndigqitha kwindawo enengca yesihlahla, kwaye umfazi wam ekunye nam, kwaye sasiloba intlanzi yasemlanjeni. Ndaza ndema kwaye—kwaye ndavula isango. Kwaye izibhakabhaka zazintle kakhulu. Zazingakhangeleki ngendlela ezenze ngayo ngaphaya kulentlambo apha. Zaziluhlaza, namahle amhlophe amafu. Ndaza ndathi kumfazi, ndathi, “Kwakufanele sabaphandle apha, kudala, sthandwa.” Wathi, “Ukwenzela abantwana, kwakufanele sasikwenzile, Billy.” Ndathi, “Leyo yi...” Ndaza ndavuka.

<sup>126</sup> Ndacinga, “Ndiphupha kangako! Andazi kutheni.” Kwaye ndajonga ezantsi, kwaye waye elele ecaleni kwam.

<sup>127</sup> Ndaza ndaphakama emqamelelweni wam, njengani nina bantu abaninzi nakwenzayo, ndabeka intloko yam phezu kwe—kwekasi yentloko yebhedu, ndaza ndabeka izandla zam emva kwam. Kwaye ndandilele phaya *ngolu* hlobo. Ndaza ndathi, “Ke, ndiyamangala nje ukuba iyakuba yintoni, kwelinye icala. Sele ndinamashumi amahlanu, kwaye andikenzi nto okwangoku. Ukuba nje ndingenza into ethile ukunceda iNkosi, kuba ndiyazi andiyi kuba ngumntu ofayo. Isiqingatha sexesha lam siphelile, ubuncinci, okanye ngaphezulu kunesiqingatha. Ukuba ndiyaphila ukuba ndibemdala njengabantu bakuthi, futhi isiqingatha sexesha lam ligqithile.” Ndaze ndabhekabheka. Kwaye ndandilele phaya, ndilungiselela ukuvuka. Kwakumalunga nentsimbi yesixhenxe. Ndathi, “Ndiyakholwa ndiyakuhlha ndiyaphila ukuba ndisisisitshotho, ndingathanda ukuva uMzalwana uNeville eshumayela.”

<sup>128</sup> Ke ndathi, “Uvukile, sthandwa?” Kwaye waye elele kamnandi.

<sup>129</sup> Kwaye andifuni nikuphose oku. Kundiguqule mna. Andinako ukuba nguMzalwana uBranham okwa mnye endandinguye.

<sup>130</sup> Ndaza ndajonga. Ndaza ndeva iNto ethile, iqhubeka isithi, “Usaqaliswa nje. Cinezelela idabi. Qhubeka nje ucinezelela.”

<sup>131</sup> Ndashukumisa intloko yam umzuzu. Ndacinga, “Kuhle, ndingabe mhlawumbi ndiyacinga nje *ngolu* hlobo.” Uyazi, umntu angaba nemibono-ngcinga. Ndaza ndathi, “Ndingabe mhlawumbi nje ndikucingela ngokubona okuya.”

Yathi, “Cinezelela idabi. Qhubekaka. Qhubekaka.”

<sup>132</sup> Ndathi, “Mhlawumbi ndikutshilo.” Ndaza ndabeka imilebe yam phakathi kwamazinyo, ndabeka izandla zam phezu komlomo wam.

<sup>133</sup> Kwaye nantso Iphuma kwakhona, yathi, “Qhubeka nje ucinezelela. Ukuba nje ubewazile yintoni ebisekupheleni kwendlela!”

<sup>134</sup> Kwaye kwakhangeleka ngathi ndandinokumva uGraham Snelling, okanye umntu othile, owacula langoma ngolu hlobo (Bayayicula apha, u-Anna Mae nani nonke benu nonke.):

Ndikhumbula ikhaya kwaye ndimatshekile,  
kwaye ndifuna ukubona uYesu.  
Ndingathanda ukuva ezo zasedokisini  
iintsimbi zikhala.  
Iyakuqhakazisa indlela yam kwaye  
iyakunyamalala lonke uloyiko.  
Nkosi, mandijonge ngaphaya komkhusane  
wexesha.

Niyivile iculwa apha ebandleni.

<sup>135</sup> Ndaza ndeva Into isithi, “Ungathanda ukubona ngaphaya komkhusana wexesha?”

Ndathi, “Iyakundinceda kakhulu.”

<sup>136</sup> Ndaze ndajonga. Ngawo nje umzuzwana, nda... ukuphefumla okunye ndandifike kwiNdawo encinci ethambekileyo. Ndajonga ngasemva, kwaye nako ndandiphaya, ndilele ebhedini. Ndaza ndathi, “Lena yinto engaqhelekanga.”

<sup>137</sup> Ngoku, andingethandi ukuba nina nikuphinde oku. Oku kuphambi kwebandla lam, okanye izimvu zam endizalusayo. Nokuba yayiyiyo, ndandikulo mzimba okanye ngaphandle, nokuba yayikukuguqulelwa, kwakungafani nawuphi umbono endakhe ndanawo. Ndandinokujonga Phaya, kwaye ndinakho ukujonga apha.

<sup>138</sup> Kwaye xa ndagadleleka kulaa Ndawo incinci, andizange ndibone abantu abaninzi kangako besiza bebaleka, bekhwaza, “Owu, mzalwana wethu oxabisekileyo!”

<sup>139</sup> Ndaza ndajonga. Kwaye abafazi abasebatsha, mhlawumbi ekuqaleni kumashumi amabini ebutsheni babo, ishumi elinesibhozo okanye amashumi amabini, babejula iingalo zabo bendiwola, kwaye bekhwaza, “Mzalwana wethu oxabisekileyo!”

<sup>140</sup> Naku kusiza abafana, kubuhle bobutsha bobufana. Kwaye amehlo abo ebengezela kwaye ekhangeleka njengeenkwekwezi kubusuku obumnyama. Amazinyo abo emhlophe njenge perile. Kwaye babekhwaza, bendixhakamfula, kwaye bekhwaza, “Owu, mzalwana wethu oxabisekileyo!”

<sup>141</sup> Kwaye ndema, ndajonga. Kwaye ndandimtsha. Ndajonga ngasemva kumzimba wam omdala ulele phaya, kunye nezandla zam zisemva kwentloko. Ndaza ndathi, “Andikuqondi oku.”

<sup>142</sup> Kwaye aba bafazi batsha bejula iingalo zabo ukundiwola. Ngoku, ndiyaqonda oku sisihlwele esixubileyo, kwaye nditsho oku ngobumnandi kunye nokusulungeka koMoya. Madoda aninakubeka ingalo zenu ukuwola abafazi ngaphandle kwemvakalelo yobuntu; kodwa yayingekho Phaya. Kwakungekho zolo nangomso. Babengadinwa. Babe... Andizange ndibabone abanjeya ukubabahle abafazi ebomini bam bonke. Babeneenwele zijinga ukuya ezinqeni zabo, iziketi ezide eziye ezinyaweni zabo. Kwaye babendiwola nje. Yayingekokwanga okufana kwa nokukadade wam, ehleli phaya, anokundanga. Babengandiphuzi, kwaye ndandingabaphuzi. Yayiyinto endithi mna a—andinawo a—amagama, andinamagama okuyitsho. “Ingqibelelo” ayiyi kuyichukumisa. “Ukugqwesa” ayisayi kwa ukuyichukumisa yona, akhukho ndawo. Yayiyinto endingazange... Kufanele nje ube Phaya.

<sup>143</sup> Kwaye ndajonga *ngale* ndlela, *naley* indlela. Kwaye babesiza, ngamawaka. Ndaza ndathi, “Andikuqondi oku.” Ndathi, “Kulungile, bona...”

<sup>144</sup> Kwaye nako kusiza uHope. Lowo yayingumfazi wam wokuqala. Wabaleka, kwaye zange athi, “Myeni wam.” Wathi, “Mzalwana wam oxabisekileyo,” kwaye xa wathi wandanga. Kwakukho omnye umfazi emile phaya, owathi wandanga, waza uHope wamanga lomfazi; kwaye ngamnye. Ndaza ndacinga, “Owu, oku kufanele kube yinto ethile. Ayinakuba... Kukho into ethile...” Ndacinga, “Owu, ingaba ndiyakuze ndifune ukubuyela emva kulamzimba mdala kwakhona?”

<sup>145</sup> Ndabhekabheka ngoko. Ndacinga, “Yintoni lento?” Ndaza ndajonga, kakuhle ngenene. Ndaza nda—ndathi, “A—andinakho ukukuqonda oku.” Kodwa uHope wakhangleka ngathi, owu, lundwendwe oluhloniphekileyo. Wayengahlukanga, kodwa nje ngondwendwe oluhloniphekileyo.

<sup>146</sup> Ndaza ndeva iZwi ngoko elathetha nam, elalisegumbini, lathi, “Oku koko ukushumayeleyo yayinguMoya oyiNgcwele. Olu Luthando olugqibeleyo. Kwaye akukho nanto enokungena Apha ngaphandleni kwaLo.”

<sup>147</sup> Ndizinikele ngokungaphezulu, kunangaphambili ebomini bam, okokuba kuthabatha uThando olugqibeleyo, ukungena Phaya. Kwakungekho mona. Kwakungekho kudinwa. Kwakungekho kufa. Ukugula kwakungasokuze, khona Phaya. Ukufa; kwa—kwakungasokuze kukwenze ubemdala. Kwaye i... Babengenakho ukulila. Yayiluvuyo nje olunye.

<sup>148</sup> “Owu, mzalwana wam oxabisekileyo!” Kwaye bandithabatha bandenyusa, bandibeka phezulu kwindawo enkulu ephakamileyo.

<sup>149</sup> Ndacinga, “Andiphuphi. Ndijonge ngasemva kowam—wam umzimba ulele ezantsi apha ebhedini.”

<sup>150</sup> Kwaye bandibeka phezulu phaya. Ndaza ndathi, “Owu, andifanelanga ukuhlala phezulu apha.”

<sup>151</sup> Kwaye naku kusiza abafazi namadoda, macala omabini, besekudubuleni nje kobutsha babo, bekhwaza. Kwaye omnye umfazi weyemile phaya, waza wakhwaza, “Owu, mzalwana wam oxabisekileyo! Owu, sivuya kakhulu ukukubona Apha.”

Ndathi, “Andikuqondi oku.”

<sup>152</sup> Laze ela Zwi elalithetha, lisuka ngasentla kwam, lathi, “Uyayazi, kubhaliwe eBhayibhileni ukuba abaprofeti bahlanganiswa kunye nabantu babo.”

Ndaze ndathi, “Ewe. Ndiyakukhumbula oko eZibhalweni.”

Lathi, “Kuhle, oku kuxa uyakuhlanganiswa nabantu bakho.”

Ndathi, “Ngoko baya kuba ngabenene, kwaye ndinakho ukubava ngokuchukumisa.”

“Owu, ewe.”

<sup>153</sup> Ndathi, “Kodwa, kukho izigidi. Akukho abo bangako ooBranham.”

<sup>154</sup> Laza lathi ela Zwi, “Abangabo ooBranham. Bona ngabaguqulwa bakho. Ngabo abo owathi wabakhokelela eNkosini.” Laza lathi, “Abanye babo abafazi phaya, ocinga ukuba bahle kakhulu, babengcono kunamashumi asithoba eminyaka ubudala xana wabakhokelela eNkosini. Akumangalisi bekhwaza, ‘Umzalwana wethu oxabisekileyo!’”

<sup>155</sup> Kwaye bakhwaza, bonke ngaxesha linye, bathi, “Ukuba ubungayanga, besingayi kuba Lapha.”

Ndabhekabheka. Ndacinga, “Kuhle, andiyifumanu.”

Ndathi, “Owu, uphi uYesu? Ndifuna ukuMbona, kakubi kakhulu.”

<sup>156</sup> Bathi, “Ngoku, Uphezulwana, kanye phezulu phaya *ngala ndlela*.” Bathi, “Ngenye imini Uyakuza kuwe.” Yabona? Bathi, “Wawuthunyiwe, ukuba ube yinkokheli. Kwaye uThixo uyakuza. Kwaye xana Ezile, Uyakukugweba ngako oko ubafundise kona, kuqala, nokokuba bayangena okanye hayi. Siyakungena ngokwemfundiso yakho.”

<sup>157</sup> Ndathi, “Owu, ndivuya kakhulu. Ingaba uPawulos, ingaba kufuneka eme ngolu hlobo? Ingaba uPetros kufuneka eme ngolohlobo?”

“Ewe.”

<sup>158</sup> Ndathi, “Ngoko ndishumayele lonke iLizwi abathe balishumayela. Andizange ndinxhaxhe kuLo, ecaleni ukuya kwelinye. Apho babhaptizela eGameni likaYesu Kristu, ndakwenza nam. Apho bafundisa ngobhaptizo loMoya

oyiNgcwele, ndakwenza nam. Nantonina abayifundisayo, ndakwenza nam.”

<sup>159</sup> Kwaye bona ababantu bakhwaza, baza bathi, “Siyakwazi oko. Kwaye siyazi ukuba sihamba nawe, ngenye imini, ukubuyela emhlabeni.” Bathi, “UYesu uyakufika, kwaye uyakugwetywa ngokweLizwi othe walishumayela kuthi. Kwaye emva koko ukuba uyamkeleka ngela xesha, ntoleyo uyakuba njalo,” baze bathi, “emva koko uyakusinikezelala kuYe, njengezithsaba zolungiselelo lwakho.” Bathi, “Uyakusikhokelela kuYe, kwaye, sonke ngokuhlangeneyo, siyakubuyela emhlabeni, ukuya kuphila ngonaphakade.”

Ndathi, “Ingaba kufanele ndibuyelete emva ngoku?”

“Ewe. Kodwa qhubekeka ucinezelela.”

<sup>160</sup> Ndajonga. Kwaye ndandinokubabona abantu, nje kude njengoko ndandinakho, beseza, befuna ukundanga, bekhwaza, “Oxabisekileyo umzalwana wethu!”

<sup>161</sup> Nje emva koko iZwi lathi, “Konke owathi wakuthanda, konke okuthe kwakuthanda, uThixo ukunikile Apha.” Ndaza ndajonga. Kwaye naku kusiza injam endala, isiza inyuka. Naku kusiza ihashe lam, laza lalalisa intloko yalo egxalabeni lam, lenza isandi salo. Lathi, “Konke owathi wakuthanda, nako konke okwathi kwakuthanda, uThixo ukunikezele esandleni sakho, ngalo ulungiselelo lwakho.”

Ndaza ndaziva ndisimka kulaNdawo intle.

<sup>162</sup> Ndaze ndabhekabheka. Ndathi, “Ingaba uhleli, sthandwa?” Wayesalele.

<sup>163</sup> Ndaza ndacinga, “Owu Thixo! Owu, ndincede, Owu Thixo. Ungaze undiyeku ndenzelelele ngelinye iLizwi. Ndenze ndihlale ngqo kweliya Lizwi, kwaye ndilishumayele Lona. Andikhathali yintoni ezayo okanye emkayo, nantoni na ubani ayenzayo; bangaphi ooSawule be...oonyana bakaKish abavukayo, bangaphi *aba, abaya*, okanye *abanye*. Ndenze, Nkosi, ndicinezelele kulaNdawo.” Konke ukoyika ukufa...

<sup>164</sup> Ndiyakutsho oku, kunye neBhayibhile yam phambi kwam, ngale ntsasa. Ndinenkwenkwe encinci phaya, iminyaka emine ubudala, ekufanele ndiyikhulise. Ndinineminyaka esithoba ubudala intombi; kunye nosafikisayo, endinombulelo ngaye, nothe wajikela kwindlela yeNkosi. Thixo, ndenze ndiphile, ukuze ndibakhulisele ekuhlonipheni uThixo.

<sup>165</sup> Kwaye ngaphezu koko, ihlabathi lonke likhangeleka lindikhwaza, abafazi abamashumi asithoba eminyaka ubudala namadoda, nazozonke iiintlobo, “Ukuba ubungayanga, besingayi kuba Lapha.”

<sup>166</sup> Kwaye, Thixo, ndenze ndicinezelele idabi. Kodwa ukuba ifike ekufeni, andingothe khunubembe. Iyakuba luchulumanco,

iyakuba bubumnandi, ukungena, ukusuka kokukonakala nehlazo.

<sup>167</sup> Ukuba ndinokufika, phezulu ngaphesheya, ikhulu lamawaka ezigidi zeemayile ukunyuka, ibhloko esiskwere, kwaye elo Luthando olugqibeleyo, nyathelo ngalunye ukuza ngapha, luyacutheka, side sifike ezantsi apha sikhoyo ngoku. Iyakuba lithunzi nje lokonakala, lanto incinci ithile esinokuyiva ngokomoya kwaye siyive ngokuchukumisa yokuba kukho into ethile ndaweni ithile. Asiyazi ukuba Yintoni.

<sup>168</sup> Owu, zihlobo zam ezixabisekileyo, bathandekayo bam, zithandwa zam zeVangeli, bantwana bam endibazelele uThixo, phulaphulani kum, umalusi wenu. Nina, ndinqwenela ukuba bekukho indlela ebendinokuyichaza ngayo kuni. Akukho mazwi; andinakuwafumana; awafunyanwa naphina. Kodwa nje ngaphaya kokukuphefumla ngokuggibela, yeyona nto izukileyo enakhe... Akukho ndlela yokuyicacisa. Akukho ndlela. Andinakho nje ukuyenza. Kodwa nantoni na oyenzayo, sihlobo, bekela ecaleni yonke into de ufumane uThando olugqibeleyo. Fika kwindawo apha unokuthanda wonke umntu, lonke utshaba, yonke into engenye.

<sup>169</sup> Olwa tyelelo lunye Phaya, kum, lundenze ndangumntu owahlukileyo. Andisokuze, sokuze, sokuze ndibe nguMzalwana uBranham omnye endandinguye. Nokuba iinqwelomoya ziyadlikidleka, nokuba umbane uyalanyaza, nokuba intlola ijolise umpu kum, nokuba yintoni, ayikhathaliseki. Ndizakucinizela udabi, ngobabalo lukaThixo. Kuba, ndishumayele iVangeli kuso sonke isidalwa nakuye wonke umntu endithe ndanako, ndibacengela kwelaLizwe lihle ngaphesheya.

<sup>170</sup> Ingakhangeleka inzima. Ingathabatha amandla amaninzi. Andiyazi inde kangakanani. Asiyazi, ngokuthetha ngokwenyama. I... Ngokovavanyo lwam ngenye imini, wathi, "Unamashumi amabini anesihlanu eminyaka yobunzima, obulungileyo ubomi. Womelele." Oko kwandinceda. Kodwa, owu, kwakungeyiyi. Oko asikuko. Iyinto ethile ngaphakathi apha. Oku konakala kufanele kunxibe ukungonakali. Lo mzimba unokufa kufanele unxibe ukungafi.

<sup>171</sup> Oonyana bakaKish bangavuka. Ndi... Zonke izinto ezilungileyo abazenzayo, andinanto imbi yokuyitsho ngokuchasene nayo, ukupha amahlwempu kunye namalizo. Kwaye khumbula, kutheni, uSamuweli waxelela uSawule, "Nawe uyakuprofeta." Kwaye amaninzi aloo madoda angabakhulu, abashumayeli abanamandla, banokushumayela iLizwi njengeziphatha zithunywa. Kodwa noko yayingeyontando kaThixo. UThixo wayefanele abe ngukumkani wabo. Mzalwana, dade, vumela uMoya oyiNgewelete ukukhokele.

Masithobiseni iintloko zethu nje okomzuzwana.

Ndikhumbula ikhaya kwaye ndimatshekile . . .  
 kwaye ndifuna ukubona uYesu,  
 ndingathanda ukuva ezo zasedokisini  
 iintsimbi zikhala.

Iyakuhakazisa indlela yam kwaye  
 iyakunyamalalisa lonke uloyiko;  
 Nkosi, masijonge ngaphaya komkhusane  
 wexesha.

Nkosi, ndenze ndijonge ngaphaya komkhusane  
 weentsizi noloyiko,

Ndenze ndisingasinge leya inelanga  
 iqaqambileyo imozulu;

Iyakomeleza ukholo lwethu kwaye  
 iyakunyamalalisa lonke uloyiko;

Nkosi, benze bajonge ngaphaya komkhusane  
 wexesha.

<sup>172</sup> Ndijinisekile, Nkosi, ukuba eli bandla lincinci, ngale ntsasa, lingajonga nje ngaphaya komkhusane: hayi inkxwaleko kubo; phaya aysokuze ibekho, hayi ingulo; kwanto kuperhela ingqibelelo. Kwaye Ikukuphefumla nje okunye phakathi kwalapha naPhaya, ukusuka kubudala beminyaka ukuya kubutsha, ukusuka kwixesha ukuya kuNaphakade, ukusuka kwixhala longomso, nosizi lwayizolo, de kube lixesha langoku likaNaphakade kwingqibelelo.

<sup>173</sup> Ndiyathandaza, Thixo, ukuba Uyakusikelela wonke umntu apha, ukuba kuyakubakho abo apha, Nkosi, abangakwaziyo Wena ngalandlela yoThando. Kwaye ngenyaniso, Bawo, akukho nto inokungena laa Ndawo ingewelete ngaphandle kolahlobo loThando, uZalo olutsha, ukuzalwa ngokutsha. UMoya oyiNgewelete, Thixo, luThando, kwaye siyayazi ukuba oko yinyaniso. Akukhathaliseki ukuba sisusa iintaba ngokholo lwethu, ukuba senza izinto ezinkulu, futhi, ngaphandle koKuya phaya, asinakubanakho ukukhwela laa leli ngaphaya. Kodwa ngako oKuya, Kuyakusifunqulela ngaphaya kwezingxaki zomhlaba. Ndiyathandaza, Bawo, okokuba Uyakubasikelela abantu apha.

<sup>174</sup> Kwaye yanga, okokuba, wonke umntu othe wandiva, ngale ntsasa, ndixela leNyaniso, okokuba Uyakuba lingqina lam, Nkosi, njengoSamuweli wakudala, “Ingaba ndakhe ndabaxeleta nayiphi into eGameni Lakho kuperhela oko kwakunyanisekile?” Bangabagwebi. Kwaye ndiyabaxeleta ngoku, Nkosi, ukuba Wena undithabatthele kwelaLizwe. Kwaye Wena uyayazi ukuba iyinyaniso.

<sup>175</sup> Kwaye ngoku, Bawo, ukuba kungabakho abathile abangakwaziyo Wena, yanga lena inga yiyyure abanokuthi,

“Nkosi, beka ngaphakathi kwam intando ibe yintando Yakho.” Yinikeze, Bawo.

<sup>176</sup> Kwaye ngoku, nina, ninentloko zenu ziqutyudiwe, ningaphakamisa izandla zenu, nize nithi, “Ndithandazele, Mzalwana uBranham, intando kaThixo ngaphakathi kwam.”

<sup>177</sup> Ngoku ngelixa nisekho kanye kwindawo enikuyo, nje ngokumandi ngenene, kutheni ningatsho nje kuBawo, “Thixo, ngaphakathi entliziyweni yam, namhlanje, ndiyashiya zonke izinto zehlabathi. Ndishiya yonke into, ukuze ndithande Wena kwaye ndikhonze Wena, bonke ubomi bam. Kwaye ndiyakwenza, kusukela ngale mini, ukubheka phambili, ndilandele Wena, kuso sonke iSibhalo seBhayibhile”? Ukuba awukabhpaptizwa kubhaptizo lobuKristu, “Ndiyakwenza, Nkosi.”

<sup>178</sup> “Ukuba andikamamkeli uMoya oyiNgcwele...” Uyakuyazi xa uMamkele. Uyakukunika, Uyakukunika ingqiniseko noThando oludingayo. Owu, ungabe wenze izinto ezahlukileyo, ube neemvakalelo, njengoko unokuba uye wakhwaza okanye watetha ngeelwimi, ntoleyo ilungileyo. Kodwa ukuba oluya luNgcwele uThando alukho phaya, ndikholelwwe ngoku, uthi, “Nkosi, beka ngaphakathi kwentliziyoyam, nasemphefumlweni wam, ukufikelela koMoya Wakho, ukuze ndibe nakho ukuthanda, nentloniphopho, nokuba nolwaThando luNgcwele entliziyweni yam, namhlanje, oluyakundithabatha lundise kwelaLizwe xa ukuphefumla kwam kokugqibela kundishiya,” ngelixa sithandazayo. Thandaza, ngokwakho, ngoku. Ngendlela yakho, thandaza, cela uThixo ukuba akwenzele okuya.

<sup>179</sup> Ndiyanithanda. Nina nixabisekileyo nintloko zingwevu madoda ahleli apha, enisebenze nzima kwaye nondla abantwana abancinci! Nina nihluphekileyo, bomama abadala abosule iinyembezi emehlweni abo! Mandiniqinisekise ngale, dade, sthandwa, ayikho ngala ndlela ekunqumleni omnye umphefumlo ngaphaya. Ndiyakhola ukuba ngokuqinisekileyo Ilapha egumbini. Ngummango nje esiphila singene kuwo. Oku kukonakala nje esiphila kuko ngoku.

<sup>180</sup> “Kodwa yenza intando yakho kum, Nkosi, intando Yakho mayenziwe.” Thandaza, ngelixa sithandaza sonke.

<sup>181</sup> Ngentloniphopho, Nkosi, phezu kweziseko zeLizwi Lakho noMoya oyiNgcwele Wakho, sivuya kakhlulu ekubeni siyazi aphi uZalo lwethu lusuka khona. Siyavuya okokuba sasi “zalwe hayi ngentando yomntu, ingeyiyo nentando yenyama, kodwa ngentando kaThixo.”

<sup>182</sup> Kwaye siyathandaza, namhlanje, Bawo, okokuba aba abacelayo ngoku uxolelo lobabalo, okokuba uMoya Wakho uyakuwenza lamsebenzi, Nkosi. Akukho ndlela yokuba mna ndiyenze; ndingumntu nje, omnye unyana kaKish. Kodwa siyakudinga Wena, uMoya oyiNgcwele.

<sup>183</sup> Thixo, mandibe njengoSamuweli, omnye oxela iNyaniso yeLizwi. Kwaye Uyingqinele Yona, kwade kwalapha, kwaye ndiyakholwa ukuba Wena uyakuqhubekeka, okoko nje ndihlala ndinyanisekile kuWe.

<sup>184</sup> Banga bonke ngoku bangamkela uBomi obunguNaphakade, Bawo. Langa olu suku lungaze lumke kubo. Kwiyure xa besiza kulishiya eli hlabathi, yanga oku, oko ndisandula ukukutsho kubo, kuvuleka kokuyinene. Kwaye njengoko sihleli apha, abanakho ukufa, namhlanje, sijonge kwiwotshi yethu, sicinga ngedinala yethu, ngomsebenzi ngomso, ngeengxaki nokubulaleka kobomi, azyi kubakho ngoko. Zonke ziyakunyamalala. Akusayi kubakho zingxaki; kwaye uchulumanco olunye olukhulu likaNaphakade. Banike bona olwahlobo loBomi, Bawo, bonke kubo. Kwaye yanga....

<sup>185</sup> Ndicela kuWe oku, Bawo, okokuba wonke umntu olapha ngale ntsasa, othe wandiva ndisitsho lombono, ndanga ndingadibana naye wonke ubani wabo kwelinye icala; nangona kunokubakho amadoda apha anokungavumelani nam, nabafazi, nabo. Kodwa, Bawo, ungaze ukwenze oko kume endleleni yethu. Sanga singadibana nabo ngaPhaya, kwaye babaleke, nabo, kwaye sixhakamfule omnye nomnye, sikhwaza, "Umzalwana wethu oxabisekileyo." Yenza ibenjengokuba yayibonisiwe Phaya, Nkosi, kuye wonke ubani, bonke abo ndibathandayo, nabo bonke abo bandithandayo. Ndiyathandaza ukuba iyakuba ngala ndlela, Nkosi. Kwaye ndiyabathanda bonke. Yenza babonakale, Bawo. Ndibanika uBomi obunguNaphakade ngoku. Banga bangenza indima yabo, ukuyamkela Yona. Kuba ndikucela oko eGameni likaYesu. Amen.

<sup>186</sup> Sinambalwa nje amathuba, okuthandazela abagulayo. Ndiyabona sinencici, egulayo intombazana apha, kunye nenekazi esitulweni.

<sup>187</sup> Ngoku, kwabam abona baxabisekileyo abazalwana, noodade, ncedani musani ukungandiqondi. A—andazi kwenzeke ntoni. Andazi kwenzeke ntoni. Kodwa Thixo, xa ndifayo, ndenze ndibuyele Phaya. Ndenze nje ndibuyele kuyo laNdawo, kulapho ndifuna ukubakhona, nokuba yayiphina. Andizami kuba nguPawulosi owafunqulewa ngasentla kumazulu esithathu. Anditsho oko. Ndiyakholwa ukuba Yena wayezama nje ukundikhuthaza, ezama ukundinika into encinci ukundityhala ndiqhubeke, kulungiselelo lwam olutsha oluzayo.

Ingaba iyakukhangeleka ikukungahloneli ukuba ndifunda into ethile apha, nje umzuzu? Ingaba iyakuba yelungileyo?

<sup>188</sup> Omnye okhokeleyo wolindixesha belizwe, uBilly Graham. [Mzalwana uBranham ufunda inqaku lomhleli, ngoluhlobo lulandelayo—Mhl.]

<sup>189</sup> “UGqirha Billy Graham Umenyelwe KubuSilams,” kwpiphepha elingaphambili le *The Afrikaans Times*, Febhrwari

ishumi elinesihlanu, 1960. Umbhali wenqaku lomhleli, owayenguMoslem, umMohamedi, ucinga ukuba imimangaliso ifanele ilandele ukushunyayelwa kweVangeli kaKristu, osenguye izolo, namhlanje, naphakade. "Siyachaphula, 'Ikuko oku: UKristu uthembise abalandeli Bakhe, xana Wathi, "Lowo ukholwa kuM, imisebenzi Endiyenzayo uyakuyenza naye; kwa nemikhulu kunale uyakuyenza." Ingaba iBandla lakhe layenza imisebenzi, yokuba, i—izibonakaliso zikaKristu eBhayibhileni? Ingaba Iyayenza namhlanje? Linganakho naliphi ibandla lizibalule, lenze nkqu isiqingatha semimangaliso eyenziwa nguKristu, hayi ukuthi "Imisebenzi emikhulu"? Ungayenza, ngokwesiqu sakho, odumileyo, ummeli wobuKristu, vusa, ukuvusela ebomini basenyameni abafileyo? Ungahamba elwandle? Ungaphilisa abagulayo uze unike ukubona kwiimfama? Asikuko na oku, ngokwephutha elichazwe ngasentla, okubekwe ngumMohamedi? Okanye okubekwe... okanye uvavanyo nguKristu...?...abalandeli njengentetho yabanye, okanye ekukholweni kwakho? Okungako kwinqaku lomhleli lomMoslem yecacileyo ephosakeleyo intetho emva kwenye."

<sup>190</sup> Bamdelela lomMoslem, kodwa wayenze kakuhle. Kodwa naku oko bafanela bakutsho:

<sup>191</sup> "Impendulo engcono yokufunda iBhayibhle, nokuyazi iKoran. IKoran iyasilela ukuba i...nge...yasilela ekuthelekisweni. Ibango lobuMohamedi libalasele kwaye luyabushiya ubuKristu, yin-d-u-m-b-i-s-a ecace ngca yindumbisa," ndiyaqikelela, "ukubona ngeengcinga. Umbhali, nakubeni kunjalo, uchukumise indawo ebalulekileyo ngokubhekiselele kwimimangaliso eyiyeyeBandla. Kodwa apha kwakhona siyakuthandabuza ukunyaniseka kombhali, kuba ngubani onokwalatha kwaye aphikise imimangaliso eyenziwe nguMfu. William Branham phambi kwamaMoslem eMzantsi Afrika, xana ishumi lewaka lamkela uKristu njengomsindisi phantsi kolungiselelo lukaWilliam Branham, eDurban, Mzantsi Afrika, nakweziyne indawo kwihihabathi lonke, okanye ku T. L. Osborn eMpuma Afrika? Kakade, simi ngakuBilly Graham ikhulu elinye leepesenti. Sithethile ngenqaku lombuzo, lelingena...Eli nqaku lombuzo alinaxabiso."

<sup>192</sup> Kodwa embindini wayo nayiphi intwanana yayo (bandibiza...bathi sasingababaxi, sasingazi esasikwenza) kwafanela bangqine, kwiphepha labo, ukuba uThixo uyenzile, nakanjani. UThixo ukangako ukuba nguThixo, namhlanje, njengoko Wakhe wanjalo. Ungangacingi ukuba abayikholelwa, abayiboni. Ayifihlwanga nje; ayenzelwanga egopheni. Kwaye amakhulu amawaka abantu behleli phaya, babukela okuya. Xana babona esasiqhuala, exhwalekileyo inkwenkwe isiza phaya, uMoya oyiNgcwele wayixeleta malunga nobomi bayo, kunye nezinto, nokwenzekayo khona phaya. Kwaye babona

ishumi lewaka lamaMoslem elele ebeleni, sicaba, amkela uYesu Kristu njengoMsindisi.

<sup>193</sup> Sisenabo ooT. L. Osborn, nanjalo njalo, abasondla uKutya-kwezimvu. Ndiyaqikelela uMzalwana u-Osborn akakayi ezantsi phakathi kwamaMoslem okwakaloku nje. Babanga ukuba ngabona babalaseleyo ngamanani. Kodwa sisenaye uThixo onokuhlangula izimvu engonyameni, onokuhlangula izimvu kwibhere.

<sup>194</sup> Yandenzela kakuhle ukwazi ukuba kwafuneka bayibhale kwaye bayigqale. Hayi, bacinga abenzi njalo; bemka bayishiya kwaye bajika imihlana, bathi, “Ah, ezo ntsuku zagqitha.”

<sup>195</sup> UmMoslem wathi, “Ingaba injalo? IBhayibhile yonke ngoko yagqitha. Nonke nina niphosile. Ninqla uMntu, uMntu owafayo, kwaye iGama Lakhe yayinguYesu. Kwaye Wafa, kwiminyaka yakudala, kwaye akukho nto injengaYe evusiweyo.”

<sup>196</sup> Kodwa babengenakutsho oko kumhlangano waseDurban. Phaya Wema wenza into enye Awayenzayo, yabonakalisa kubo. Ngoku kwa—kwa amahlelo afanele abuyelete, oyena mntu owabhala nowandixeleta ukuba kuyakufuneka ndikhangelisise imfundiso yam eBhayibhileni, yayingulowo okwafuneka abhale okuya ephepheni labo. UThixo uyakubenza baMdumise, nakanjani, ngoko, nokuba kunjani. Injalo lonto. Uyakubenza baMdumise, nakanjani.

<sup>197</sup> Sinencinci, egulayo intombazana ehleli apha. Ingaba ngumntwana wakho? Yintoni ingxaki yakhe, dade? [Udade uthi, “Kukopha kobuchopho.”—Mhl.] Ma’am? [“Ukopha kobuchopho.”] Ukopha kobuchopho. [“Ndikubhalele, kwiminyaka emininzi eggithileyo, malunga nokopha kwakhe kobuchopho.”] Owu, ehe. [“Ube egula ngoku, iyakuba yiminyaka emine ku Agasti.”] Iminyaka emine, ku Agasti. [“UMzalwana uNeville ebehlike ukuya kumbona.”] Owu, ingaba ngowaseMarengo, okanye ndaweni ithile ezantsi phaya? [“Paoli.”] Paoli. Ingaba lena yiyo intombi, ngoko? Kukho into ekuphela kwayo, mama, enokusindisa intombi: leyo, nguThixo eyazi yona. [“Ungcono kakhulu kunokuba wayenjalo.”] Ndivuya kakhulu ngokuya.

<sup>198</sup> Ingaba ubuhlile ukuya kumthandazela, Mzalwana uNeville? [UMzalwana uNeville uthi, “Ewe, mhlekazi.”—Mhl.] Kususela uMzalwana uNeville ehlide weza wamthandazela, uye wabangcono. Sisenabo abelusi abakwaziyo uKudla-kwezimvu.

<sup>199</sup> Yintoi ingxaki yakho, dade sthandwa, ohleli esitulweni phaya, eyakho? [Udade uthi, “Unomhlaza.”—Mhl.] Umhlaza.

<sup>200</sup> Kuhle, ukuba bendinokuze nje ndinicele into ethile, mhlawumbi kanye apha. Bangaphi abalapha, ababephilisiwe ne...kumhlaza? Phakamisani izandla zenu. Khangela apha,

dade. [“Akeva ngokucacileyo, kwaye akanakho ukuva oko ukutshoyo.”—Mhl.]

<sup>201</sup> UThixo ngumphilisi. Siyakwazi oko. Ukuba ndinixelete ukuba ndinokwehlela phaya ndize ndisuse okwakopha kobuchopho kwentombazana ndize ndiyiphilise, ndiyakuba ndinixelete okungalunganga, okanye, ndingasusa umhlaza emfazini. Kodwa ndazi into enye, kwakukho ibhere (umhlaza, ithumba, ubumfama, kwa nkqu nokufa) ixhakamfule enye yezimvu zikaThixo, ngenye imini, ndaza ndaya ngamandla kaThixo, ndaza ndalibulala ndabuyisa la mvu. Injalo lonto. Kwaye siyaya namhlanje, hayi nangenye into ethile enkulu, *usbani-bani*. Ndiya ngesilula isilingi somthandazo. Uyakuyibuyisa.

<sup>202</sup> Uyakukholelwa oko, akunjalo, dade? Uyakholwa, nawe, akunjalo, dade? Bangaphi kuni abakholelwa ngentliziyo yenu ngoku?

<sup>203</sup> Ngoku thobisani iintloko zenu ngelixa ndiya emthandazweni.

<sup>204</sup> Bawo othandandekayo, omhle oselula umfazi ulele apha, ongasokuze ahame, okanye ajikeleze, ngaphandle Kwakho umncede. Utshaba lumfumene. Ungaphaya kokucedakala nangomphi ugqirha. Utshaba lumxhuzulele kude kakhulu ngaphaya endaweni, de ugqirha angabi nakwenza nanto. Kodwa akanakungafumaneki kuWe, Nkosi. Ulapho kanye apha Wena unakho ukubeka isandla Sakho kuye. Kwimiba yeLizwi likaThixo, ndibeka izandla zam phezu kwalo usemtsha umfazi, kwaye ndisohlwaya okukopha kobuchopho. EGameni likaYesu Kristu, ndimbizela kumfazi ophilileyo kwakhona. Uyakuphilela eluzukweni lukaThixo. Wanga angaphila, angene ephuma kweli bandla, njengabanye abathe bangena, ngokufanayo koku, anike uzuko kuThixo. Makubenjalo, ngoYesu Kristu.

<sup>205</sup> Kwaye ukuba ngewe kweenwele zakhe, nje imijikelo embalwa ngaphezulu, kwaye uyakuba kwela Lizwe ngaphesheya apha ndingakhange ndibone abadala kwakhona, kodwa abatsha. Kodwa abakhe abathandekayo bahleli apha, bentywisiza, kwaye bayamthanda. Utshaba olukhulu oluthe lwamxhakamfula laza lamxhuzelela ekubeni angafumaneki kugqirha, ingonyama eyoyikekayo yomhlaza. Thixo, ndilandela emva kwakhe. Ndiza ukuze ndimbuyise. Ndiyayibulala ingonyama yomhlaza, eGameni longoyiswayo uKristu, Lowo ndingunozakuzaku kuye. Yanga ingemka kuye, kwaye wanga angaphila, aze aphile iminyaka emininzi, noko, ukwenzela imbeko nozuko lukaThixo, ngoYesu Kristu iNkosi yethu.

<sup>206</sup> Ngoku, Bawo waseZulwini, oko nje akukho kwisikrweqe esikhulu, hayi ocociweyo umkhonto, ulwimi namagama eciko elithile, kodwa ngesiqhelekileyo, isilinge esincinci sokholo. Ndiza ngenxa yalomphefumlo, kunye nalo mzimba

oluthe utshaba lomhlaza lwamxhakamfulela ekubeni angafumaneki kuggirha. Kodwa ndiza ngenxa yakhe, ngale ntsasa, Nkosi, ukumbuyisela kwelinomthunzi eliluhlaza indlelo namanzi angawokuphumla. EGameni lowoyisayo uYesu, lowo ndingunozakuzaku Wakhe. Ngolungazenzisiyo ukholo, ndiyakholwa ukuba uyakubuyiswa, ngala mandla alo mthandazo esiwenzileyo. Makubenjalo . . . ? . . .

<sup>207</sup> (Ndiyakholwa kukho inkonzo yobhaptizo. Ingaba ikhona?)

<sup>208</sup> [Umzalwana uNeville uthi, “Ewe, mhlekazi. Abashumayeli ababini basenabafo abathile amababhaptizwe.”—Mhl.]

<sup>209</sup> Ungaphakamisa intloko yakho nje umzuzu? Umalusi usandula ukundixeleta . . .

<sup>210</sup> Aba bantu bagula kakhulu, kakhulu. Bayakuphila. Nje sanuku . . . Ilungile. Isithembiso sikaThixo zange sasilela. Thina siyalandalera.

<sup>211</sup> Banenkonzo yobhaptizo. Kukho abantu abathile ekufanele bahambe. Sizakuba nenkonzo kwakhona ngobubusuku.

<sup>212</sup> Ingaba ukhona nabani apha ongenakuza ngobu busuku, ungathanda sikwenzele umthandazo ngoku, ongenakuza apha ngobu busuku? Ungeza kanye apha ngoko, wena ungenakuza ngobu busuku. Ndiyakuba nexesha elaneleyo; lokwenza umgca wokuthandazelera, ngobu busuku. Kufanele babhaptize aba bantu.

<sup>213</sup> Unenkwenkwe encinci phaya? Kulungile. [Umzalwana uya ngaphambili aze athi kuMzalwana uBranham, “Kulungile ukuba ndikunika oku?”—Mhl.] Ewe, mzalwana. Enkosi, kakhulu. Ingaba konke kulungile ukuba ndiyayifunda emva kwentwanana okanye kanye ngoku? Enkosi, mhlekazi.

<sup>214</sup> Ngoku ukuba ningasinika nje umzuzu okanye emibini ubude, ngoko siyakuba ne—nenkonzo yo—yobhaptizo. Ndiyayazi niyakuthanda ukulubona. Kwaye abo banqwenela ubhaptizo ngale ntsasa, kuhle, nina, amanenekazi aya ngapha ukutshintsha iimpahla zawo, kwaye amadoda aya kweli cala. Kwaye ngelixa ndithandazelera aba bantu bagulayo, ngoko ningabe nilungiselela inkonzo yokubhaptiza. Kunye nabaya ngoku abathe . . .

<sup>215</sup> Ngoku, ngobu busuku, ndiyakuzama ukwenza o—omncinci umgca wokuthandazelera, ngobu busuku, kwangoko, kwamsinya njengoko bengena. Kwaye sizakuqaliswa kwego-1 iNewadi yabaseEfese, ngobu busuku. Kwaye siyakuvuya kakhulu ngoku ukuba nani ngaphakathi, ukuba aninabandla lakuya. Kodwa ukuba ninomaluswi wenu kunye nebandla, ngoko yi—yiyani kwelixabisekileyo ibandla lenu aphi nixhasa khona.

<sup>216</sup> Ukuba nina ekufanele nihambe, kwaye nizakumka ngeli xesha, uThixo aniskelele. Yibani kunye nathi kwakhona xa ninakho. Siyakuvuya ukuba nani.

<sup>217</sup> Ingaba kufanele uthandazelwe, nawe, mzalwana? Yintoni ingxaki yakho? Uqondo oluphezulu lonxinizelelo lwegazi.

<sup>218</sup> Ngoku, abanye benu, ngelixa uqubuda intloko yakho, umzuzu, sifuna ukuthandaza.

<sup>219</sup> Bawo, ndibulela Wena, namhlanje, ngesilingi esincinci sikamalus, umthandazo obeka ingonyama emadolweni ayo, kunye nemvana encinci yaxhuzulwa yasuswa kuyo, yabuyiselwa kumama nakutata wayo. Ndithandazela umzalwana wethu. Ndiyacela ukuba Wena umbuyisele ngaphakathi ekhuselekile, naye, Nkosi. Langa unxinzelelo lwegazi neengxaki zomzimba zingayeka. Ndilandela emva kwakhe, Nkosi, mbuyise, eGameni lika Yesu Kristu. Makube njalo. Amen.

UTHixo akusikelele, mzalwana.

Ukwehla, ndikubona ubambe encinci, inkwenkwe eyimfama.

<sup>220</sup> Enye into engaphezulu endingathanda ukuyitsho. Bendinayo...gula kakhulu, ndihlanza. Ndaza ndacinga... Andifuni nikuphose oku, ukuba ninganakho. Ndacinga, "Thixo, yintoni endingayinikeza ukuba ndingeve umntu othile esima ngaphandle? Umfazi wam ebeyakuthi, 'Billy, kukho elidala inene apha lize kukubona.'

<sup>221</sup> "Kwaye naku kungena omncinci, ontloko-inempandla umfo kunye nemisebe engwevu ijinga ebusweni bakhe. Ebeya kungena, athi, 'UnguMzalwana uBranham?'

"Bendiyakuthi, 'Ewe, mhlekazi, ndinguye.'

<sup>222</sup> "Igama lam nguSimon." Abeke isandla sakhe phezu kwam, aze ajonge kum umzuzu. Athi, 'Ulikholwa, Mzalwana uBranham.'

"Ewe."

<sup>223</sup> "Bekuya kulunga konke." USimon Petros, weBhayibhile. Indlela ebendiyakuyibunguzelela ngayo lonto! Ebengayi kudingeka atsho okuninzi. Nje abeke isandla sakhe kum, bekuya kulunga konke."

<sup>224</sup> Kwaye okweza kum ngoko, ngoncedo lukaThixo, nangobabalo lukaThixo kukho amashumi amawaka abantu akholelwa into ekwanye, ukuba ndiyakuya kubo. Ndaza ndacinga, "Nkosi, ndenze ndifike kuye wonke ubani endinakho, ngoko. Ndenze mna nje—nje..."

<sup>225</sup> Ndacinga, "Ukuba uSimon, okanye nje uPawulos, abanye babo, uyangena nje aze athi, 'Wena Mzalwana uBranham?'

"Ewe."

<sup>226</sup> "Abeke izandla zakhe phezu kwam, aze ajonge kum, athi, 'Kulungile, Mzalwana uBranham,' hamba nje uphume.

<sup>227</sup> “Bendiyakuphila. Bendiyakuba ngophilileyo. Ngokuinisekileyo. Ndath... Kwedini, ukomelela kwam bekuyakuvuka kanye ngoko. Bendiyakuthi, ‘Ndizakuphila.’” Ewe, mhlekazi.

<sup>228</sup> Kwaye kukho abantu abakholelwa laa nto inye namhlanje. Kwaye oko koko endihlela kona apha ukuza kukwenza, ukubeka izandla kuni, ndicele uThixo.

<sup>229</sup> Ndifuna ukuhamba nale nkwenkwe incinci, dade, nje umzuzu. Iyencinci, eyimfama inkwenkwe. Kudala kangakanani ibe iyimfama? [Udade uthi, “Kusukela ekuzalweni.”—Mhl.] Kusukela ekuzalweni.

<sup>230</sup> Molo, nkwenkwe encinci! Owu, uyelunge ngamandla, inkwenkwe encinci...?...

<sup>231</sup> Owu Thixo onobabalo! Ngaphaya kokufikelela koogqirha, ekuzalweni kwale incinci inkwekwe, izalwe iyimfama, kwaye ayinakho ukubona; lena intle, ethandekayo encinci inkwenkwe. Kwaye utshaba, ngaphambi kokuba umfo omncinci abe nethuba ebomini, lamxhuzulela ngaphaya kokufikelelwa nguggirha. Ke, ndiyaphuma ndilandela emva kwayo, ngale ntsasa, Nkosi. Esi silula, isilingi esincinci somthandazo. Mandiyibuyise, Thixo. Ndihlangana notshaba, umtyholi, eGameni likaYesu Kristu, kwaye ndiyayibanga le nkwenkwe ukwenzela uThixo. Ndibanga ukubona kwayo, ukwenzela uThixo, ndiyibuyisela oko athe uSathana wayikhuthuza kona. Yanga ingakufumana. EGameni likaYesu Kristu, iyakwenzeka. Ngoku, mayibenjalo.

<sup>232</sup> Ngoku, dade, sihlobo, ngoku ungabinayo nantwana yentandabuzo, kodwa le nkwenkwe izakuphila. Ndifuna umbuyisele apha ebandleni, kwaye ubonise abantu, unakho ukubona ngoku, akunakho?

Mnike ukubona kwakhe, eGameni likaYesu Kristu...?...

<sup>233</sup> Nkosi uYesu, ukubeka... Lona umncinci esithe sanikela ongako umthandazo ngaye! Kodwa, ngale ntsasa, ndiyenza kwakhona eGameni likaYesu Kristu, ndixwaye isilingana esincinci othe Wandinika sona. Kwaye Wena uthé wandinceda ngesi, Nkosi, ngamaMandla Akho, ukuthabatha i...emlonyeni womhlaza, emlonyeni wokufa ngokwakho, uvuse abafileyo emva kokuba bechazwe njengabafleyo, kwaye belele bomile kwaye bebanda. Ndilandela emva kolu tshaba, eGameni likaYesu Kristu. Ke mbuyisele ebomini obulungileyo kwakhona, Nkosi. Nikeza oko. Ke mayenzeke, ukwenzela uzuko lukaThixo.

<sup>234</sup> Kwaye ufanele uthandazelwe? [Udade uthetha noMzalwana uBranham—Mhl.] Ulikholwa? [“Ewe!...?...”] Nkosi, ndiyamzisa, ekufikeleleni kwesi sincinci isilingi. EGameni likaYesu Kristu, yanga ingemka kuye kwaye ingaze ibuyele.

<sup>235</sup> [Udade uthetha noMzalwana uBranham—Mhl.] Kuhle, esiya sikhwasinye isilingi esincinci, esaphumayo saya kufumana uMzalwana uHarley, nokwenzela intombi yakho nesiqu sakho.

<sup>236</sup> Ngoku, Bawo waseZulwini, ndilandela emva kotshaba, ndisebenzisa esi sincinci isilingi othe Wena wandinika sona, kuba Wena wathi, “Ukuba wenza abantu bakhwole, kwaye unyaniseke xa uthandaza,” ela litye lincinci liya kuya kwindawo yokubulala. Langa lingaya ngoku, Nkosi, njengoko ndilithumela kwisicelo sakhe. EGameni likaYesu Kristu, yanga ingaba njalo. Amen.

[Udade uthetha noMzalwana Branham—Mhl.]

<sup>237</sup> [Udade uthetha noMzalwana uBranham—Mhl.] Kulungile, dade. Ngoku thina si . . . Imithambo luvo ingaphaya kokufikelela koogqirha. Banganakho ukukunika into ethile yokukuzolisa, kodwa iyakukwenza mbi kakhulu, emva koko. Ehe. Ngoku jonga. Siyaphuma silandela yona, ngale ntsasa. Siyaphuma; sikubuyise. [Indawo engenanto eteyiphini.]

<sup>238</sup> Nkosi uYesu . . . [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.] . . . amahlanu amatyelamancinci, uk-h-o-l-o, kunye nesilingi somthandazo. Kwaye ndiyambuya uade wethu ekukhonxweni koba buphakuphaku . . . ? . . . ngaphaya. Ndiyambuyisela eluxolweni nakumadlelo anomthunzi aluhlaza namanzi angawokuphumla. Ndikwenza oku eGameni likaYesu Kristu. Amen.

[Udade uthetha noMzalwana Branham—Mhl.]

<sup>239</sup> Bawo Thixo, le ntombazana incinci, sivuya kakhulu ekubeni ibingesosigulo sezihlunu. Kodwa nangaphandle kwento eyiyo, isesekufikeleleni kwaKho, Nkosi. Kwaye ndiyenza kunye nesilingi esincinci, kunye neli litye. Kwaye ndicinezelela eli litye ngawo onke amandla endinokugibisela ngawo. EGameni likaYesu Kristu, langa lingabetha indawo. Wanga udade wethu angaphila. Ndikwenza oku eGameni likaYesu Kristu.

[Udade uthetha noMzalwana uBranham—Mhl.]

<sup>240</sup> Njengalo mama usemtsha, kunye nenzala yakhe encinci, omncinci afuna ukuhlanguana naye ngaphesheya, kwelinye icala, ela Lizwe lizukileyo endithe nje ndathetha ngalo, Kwaye bona . . . Umama akayi kuphila ukuya ku . . . kuvuswe umfo omncinci, kwaye naye umfo omncinci akanakuphila thuba lide ngaphandle koncedo Lwakho. Kodwa ndiyenza nesilingi, kunye nawo onke amandla nokujolisa endinokuwathatha kutshaba. Kwaye eGameni likaYesu Kristu, ndidubula oku kuye. Bayakuphila, ukwenzela uzuko lukaThixo. EGameni likaYesu. Amen.

[Udade uthetha noMzalwana uBranham—Mhl.]

<sup>241</sup> Owu, kuhle kakhulu oko. Ndiyavuya. Kuhle, olwa lungiselelo, ngoko, lwalulolona lukhulu ulungiselelo lokukhombisa abantu. La khomba kwimisebenzi . . . ? . . .

<sup>242</sup> Bawo wethu waseZulwini, uSathana uxhuzulele lo mama mncinci ngaphaya kokufikelela koogqirha ngaphesheya. Banokudubula kuphela ichiza ngala ndlela, Nkosi, eliyakuthi kuphela limkrazule ukumjikelezisa, ukumjikelezisa, lingade limenze azazi apha akhoyo. Kwaye xa efika kuyo, umbi kakhulu. Kodwa ndiyeza kunye nesi silingi sokholo, kunye nelitye, ndilijolisa ngokungqalileyo ujoliso, ukuthi ngqo kutshaba. EGameni likaYesu Kristu, ndithabatha oku kuphakuzela kuye, ukwenzela uzuko lukaThixo. Amen.

[Umntu othile uthetha noMzalwana uBranham—Mhl.]

<sup>243</sup> Thixo othandekayo, uMzalwana uGeorge elele ngaphesheya, esifa, kungekudala, Ndabona oko ukholo lwamenzela kona. Ngoku unokutyatyamba kwamathambo, Nkosi. Siyaqonda ukuba bangamnika iyeza icortisone, into ethile eyakupholisa ngahlobo luthile intlungu, kodwa ayisayi kuyisusa into. Ke sijolisa lo mthandazo, eGameni likaYesu Kristu. Kwanga ukutyatyamba kwamathambo kungemka. Wanga angagoduka kwaye aphile.

Enkosi, mzalwana.

<sup>244</sup> Uphila njani, standwa? [Udade uthetha noMzalwana uBranham—Mhl.] Owu, bethu! Ubuthulu. Ingaba unakho kwa ukuba? Uh-huh. Nje ngaphaya ngokufikelela kokwazi komntu! Ulikholwa kwiNkosi uYesu? [Udade uthi, “Amen.”] Ndibona umfazi omhle ngaphesheya Phaya, ngenye yezi mini. Uyakubamtsha kwakhona naphakade. Ndiyayazi ufuna ukuphilela uzuko Lwakhe ngoku. Ukubuyela kuyo i . . .

<sup>245</sup> [Udade uthi, “Hayi, ndisentlungwini ngonyana wam.”—Mhl.] Unyana wakho. [“Owathi wemka iminyaka emibini.”] Akunakho ukumfumana? [“Usesandleni sikaThixo.”] Owu, we—wemka? [“Uh-huh. Ngentlambo yokufa.”] Owu, oko. [“Kwaye ukuba sentlungwini kwam.”] Ukuba-sentlungwini. Ehe. [“Ndibuhlungu . . . Ndisentlungwini. Kwaye ndiva ngohlobo, ukuba yintando kaThixo, ndingathanda Yena andithabathe. Akukho kungonwabi kuYe.”]

<sup>246</sup> Dade, sthandwa, ndifuna ufiye apha uziva kamnandi. Ingaba yena uwuvile umbono, ngale ntsasa? [Omnye udade uthi, “Unakho ukuba kakuhle.”—Mhl.] Kuhle, mxelele.

<sup>247</sup> Kuhle, uzakukuxelela okwenzekileyo. Nje ngaphesheya kokuphefumla kwakho apha, la nkwenkwe ixabisekileyo ilindele wena. Wena uyakuba mtsha njengayo. Uthando, nje uthando i . . . [Udade uthi, “Andifuni kuhlala. Ndifuna ukuya kuyo, ukuba yintando kaThixo.”—Mhl.]

<sup>248</sup> Bawo othandekayo waseZulwini, ugqatso lobomi lubalekiwe. Akusekho kungako kuseleyo. Kwaye inkwenkwe yakhe exabisekileyo, nje ngaphaya komlambo, ukuba nje ibinokujonga kuphela ngasemva, ibiyakuthi, “Nje iiintsuku ezimbawla.” Yena ulindele la mkhombe, Nkosi, oyakumgqithisa kwinkungu, ukuya kwela Lizwe lizukileyo. Msikelele, Bawo, kwaye uthuthuzele intliziyo yakhe. Kwaye yanga leya ingaba kukumanyana kwakhona okukhulu, nje ngaphaya komlambo.



*UKUMKANI OWALIWEYO* XHO60-0515M  
(The Rejected King)

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi kusasa ngeCawa, ngowe-15 Meyi, 1960, kuMnquba kaBranham eJeffersonville, Indiana, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2021 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE  
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE  
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.  
[www.branham.org](http://www.branham.org)

## Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yensiwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.  
[www.branham.org](http://www.branham.org)